Tafseer
IBN KATHEER

INGUQULELO EMFUTSHANE YESIXHOSA YEESURAH EZILISHUMI

1

UGUQULELO LUQUQUZELELWE NGU

MOULANA MUHSIN MBOTOLI

Le ncwadi ipapashwe yi Al Hidayah Centre, ayinayo imiqathango yokupapashwa kwayo esiyaziyo. (Tafseer Ibn Katheer 1 Xhosa)

Iprintwe eMzantsi Afrika

Ukuprintwa kokuqala, 2026

ISBN:
978-1-0492-9092-8 (e-book)

KHUPHELA KWI EBOOK:
https://alhidayah.co.za/tafseer-xhosa/

Ipapashwe yi:
Al Hidayah Centre, Eastern Cape

18 Bonaventure Crescent
Salsoneville, Port Elizabeth
Telefoon: 041 492 2773
Whatsapp: 041 492 2773 | https://wa.me/27414922773
Email: info@alhidayah.co.za
www.alhidayah.co.za

Iziqulatho

1. Surah Al Feel 3
2. Surah Quraysh 8
3. Surah Al Maoon 13
4. Surah Al Kawthar 20
5. Surah Al Kaafiroon 28
6. Surah Al Nasr 34
7. Surah Lahab 40
8. Surah Al Ikhlaas 47
9. Surah Al Falaq 58
10. Surah Al Naas 69

﴿ سورة الفيل ﴾

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

أَلَمْ تَرَ كَيْفَ فَعَلَ رَبُّكَ

بِأَصْحَابِ الْفِيلِ ١

أَلَمْ يَجْعَلْ كَيْدَهُمْ فِي تَضْلِيلٍ ٢

وَأَرْسَلَ عَلَيْهِمْ طَيْرًا أَبَابِيلَ ٣

تَرْمِيهِمْ بِحِجَارَةٍ مِنْ سِجِّيلٍ ٤

فَجَعَلَهُمْ كَعَصْفٍ مَأْكُولٍ ٥

﴾ Surah Al Feel 105 ﴿

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

1. Awubonanga na ukuba iNkosi yakho Yenza njani na ngabanini ndlovu?

2. Ayizanga Ilenze liphanze na icebo labo?

3. Yathumela ibubu leentaka phezu kwabo,

4. Ezababetha ngamatye odongwe olutshisiweyo,

5. Yabenza banjengezala lentsimi elibhuqabhuqwe (ziinkomo).

1. Surah Al Feel

INdlovu

Esi sahluko satyhilwa eMakkah

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَـنِ الرَّحِيمِ

(Egameni lika-Allah uSolubabalo uSozinceba)

Ibali labanini bendlovu

U-Allah Uthi:

أَلَمْ تَرَ كَيْفَ فَعَلَ رَبُّكَ بِأَصْحَـبِ الْفِيلِ

Awubonanga na ukuba iNkosi yakho Yenza njani na ngabanini ndlovu? (105-1)

Apha u-Allah Uthetha ngebali lika-Abraha, uMlawuli owayenenkaba e-Abyysinia kodwa elawula eYemen, yena wathi wakhokela umkhosi omkhulu owawuquka nendlovu eyayinkulu kakhulu eyayibizwa ngokuba nguMahmood, besingise eMakka ngenjongo yokutshabalalisa iKa'aba, khona ukuze abantu bathabathe uhambo olungcwele oluya kwicawe yayo eyayise San'a.

Imigudu yokutshabalalisa iKa'aba.

U-Abrahah wakha isakhiwo esikhulu secawe eSan'a, esasibizwa ngokuba yi-Al –Qullays, ngenjongo yokuba efuna ukuba ama-Arab angathabathi uhambo olungcwele oluya kwiKa'aba. Esi senzo sawenza umsindo kanobom amaQuraysh kunye nezinye iintlanga zama –Arab. Indoda ethile yohlanga lwamaKinanah yaqaba ubumdaka kule cawe, nto leyo eyenza umsindo kakhulu ku-Abrahah, kulapho wafunga ukuba uzakuyitshabalalisa iKa'ba isitena nesitena.

U-Abrahah wahlanganisa umkhosi omkhulu, bajongisa imibombo eMakkah. Iinkokheli ezahlukeneyo zama-Arab ziquka uZhu Nafr kunye noNufayl bin Habib bazama ukuxhathisa kwelo hlaselo, kodwa boyiswa. Wathi wakusondela e-Makkah umkhosi ka-Abrahah, wabiza u-Abdul Muttalib [utatomkhulu kamProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam], yena [u-Abdul Muttalib] epholile wathi, "Mna ndingumnikazi wezinkamela, kanti yona le ndlu inomniniyo [iNkosi] yayo Iyakuthi Iyikhusele."

Ungenelelo olungcwele luka-Allah

Xa wayezama u-Abrahah ukukhokelela ngakwiKa'abah iindlovu zala ukuya phambili. Kodwa xa zisisiwa kwamanye amacala zazisiya ngaphandle kwengxaki, kodwa xa ijongiswe ngakwiKa'aba, yayiguqa nje ingabheki phambili.

U-Allah Ta'ala Uthi:

وَأَرْسَلَ عَلَيْهِمْ طَيْرًا أَبَابِيلَ

[Yathumela ibubu leentaka phezu kwabo,] (105:3)

U-Allah Wathumela ibubu leentaka ziphethe amatye amancinane,

تَرْمِيهِم بِحِجَارَةٍ مِّن سِجِّيلٍ

[Ezababetha ngamatye odongwe olutshisiweyo] [105-4]

La matye ayegqobhoza emizimbeni yamajoni ka-Abrahah awatshabalalise njalo. Abanye basweleka ngoko nangoko, kanti abanye kuquka u-Abrahah bangcungcutheka bade bafa ethubeni. Yena [u-Abrahah] wasweleka ekubeni ebuyele eSan'a.

Ukubaluleka kwesi siganeko

U-Allah Ugqibezela ngokuthi,

فَجَعَلَهُمْ كَعَصْفٍ مَّأْكُولِ

Yabenza banjenge zala lentsimi elibhuqabhuqwe [ziinkomo].

Lento ithetha ukuba batshatyalaliswa tu kwashiyeka iintsalela [zemizimba yabo] oku kwamadiza atyiwe zinkomo.

Esi siganeko senzeka ngonyaka omnye nokuzalwa kukamProfethi uMuhammad [sallallahu alayhi wasallam]. Esi Siganeko sagxininisa inqanaba leMakkah njenge dolophu ekhuselekileyo, kwaye sanika isidima kumaQuraysh.

﴿ سورة قريش ﴾

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

لِإِيلَافِ قُرَيْشٍ ﴿١﴾

إِيْلَافِهِمْ رِحْلَةَ الشِّتَاءِ وَالصَّيْفِ ﴿٢﴾

فَلْيَعْبُدُوا رَبَّ هَذَا الْبَيْتِ ﴿٣﴾

الَّذِىْ أَطْعَمَهُمْ مِنْ جُوعٍ

وَآمَنَهُمْ مِنْ خَوْفٍ ﴿٤﴾

﴾ Surah Quraysh 106 ﴿

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

1. Ngenxa yolulanyiso lwama'Kuraysh.

2. Ekuwalulamiseni Senza iinqwelo zawo zorhwebo ziphume ebusika nasehlotyeni

3. Ngoko ke makanqule iNkosi yalo Mzi.

4. Ewondlileyo, Yawasindisa endlaleni, Yawakhusela naseloyikweni.

2. Surah Quraysh

Ama`Quraysh

Esi sahluko satyhilwa eMakkah

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَـنِ الرَّحِيمِ

(Egameni lika-Allah uSolubabalo uSozinceba)

Le Surah yohluliwe kwiSurah engaphambili kuyo njengokuba kunjalo kwiMushaf.

AmaSahaba abhala Egameni lika-Allah, uSolubabalo uSozinceba kwisithuba esasikhona phakathi kwezi Surah zimbini. AmaSahaba enza njalo nasekubeni le Surah inxulumene neSurah engaphambili kuyo, njengokuba uMuhammad bin Ishaq kunye no –Abdur Rahman bin Zayd beyicacisile ukuba into ezidibanisayo ezi Surah zombini kukuba, "Sikunqandile ukungena [komkhosi] weendlovu eMakkah kwaye Sibatshabalalisile abanini bazo khona ukuze kuhlangane amaQuraysh." Kwakhona kuthiwa eli gama [ilaafi] ukuba [amaQuraysh] ayedla ngokudibana kuhambo oluya eYemen ebusika kanti ehlotyeni babedibana kuhambo lwerhwebo nezinye izinto besiya Esh-Shaam. Emva korhwebo lwawo ayebuyela kwidolophu yawo ekhuselekile ngenxa yokuba abantu babe bahloniphile kuba besuka kwidolophu enendlu engcwele ka-Allah. Kengoko abo babe wazi [amaQuraysh] babe wahlonipha ngenxa yokuba besuka kwindawo engcwele ka-Allah. Kengoko, [amaQuraysh] ayehlonitshiwe ngabantu ababewazi. Nabo babe watyelele kwenzeke bahambe nawo, nabo babefumana ukhuseleko ngenxa yawo. Lento yayisenzeka kwihambo zawo zase busika nasehlotyeni. U-Allah Uthi,

أَوَلَمْ يَرَوْاْ أَنَّا جَعَلْنَا حَرَماً ءامِناً وَيُتَخَطَّفُ مِنْ حَوْلِهِمْ

Ababonanga na okokuba Senza [isixeko saseMakkah] saba yindawo engcwele yokhuseleko lo gama abantu [kwezinye iindawo] ezibangqongileyo bethatyathwa bexhwilwa [ngokugetyengwa]? Kengoko u-Allah Uthi,

لِإِيلَـٰفِ قُرَيْشٍ إِيلَـٰفِهِمْ

Ngenxa ye-Ilaf yeQuraysh. I-Ilaf yawo ngumxholo ophambili othatyathwe kumgca wokuqala khona ukuze uzokuchazwa nangakumbi. Ngenxa yoko u-Allah Uthi,

إِيلَـٰفِهِمْ رِحْلَةَ الشِّتَآءِ وَالصَّيْفِ

U-Ibn Jarir wathi, zazihamba [Icaravan ze-Ielaf, ebusika nasehlotyeni]. U-ibni Jarir wathi, "Olona luvo luchanekileyo lelokuba unobumba Laam [unobumba wokuqala kuleSurah] ngunobumba obonisa ukumangaliseka. Ngokungathi Yena [u-Allah] Uthi, "Kufanele nimangaliswe ngokululanyiswa kwamaQuraysh kunye nokuba Ndiwabonelele." AmaMuslim ayavumelana ukuba ezi zahluko Zibini zizahluko [Surahs] ezahlukeneyo. Emva kokuba u-Allah Ethe wachaza ngesibonelo Asinike amaQuraysh, Uwayalela ukuba enze umbulelo ngesisibonelelo esikhulu kangaka. ngokuthi,

فَلْيَعْبُدُواْ رَبَّ هَـٰذَا الْبَيْتِ

Ngoko ke makanqule iNkosi yalo Mzi into ethetha ukuthi nqulani Yona Yodwa, njengokuba Ininike indawo ekhuselekileyo kunye nendlu Engcwele. U-Allah Uthi,

إِنَّمَآ أُمِرْتُ أَنْ أَعْبُدَ رَبِّ هَذِهِ الْبَلْدَةِ حَرَّمَهَا وَلَهُ كُلُّ شَىءٍ وَأُمِرْتُ أَنْ أَكُونَ مِنَ

[Mna ndiyalelwe kuphela ukuba ndinqule iNkosi yesi sixeko, Eyasenza saNgcwele ekuyiYo ezizezaYo zonke izinto. Yaye kananjalo

ndiyalelwe ukuba ndibe ngomnye wamaMuslim]. [27:91] Kananjalo u-Allah Uthi,

الَّذِى أَطْعَمَهُم مِّن جُوعٍ وَءَامَنَهُم مِّنْ خوْفٍ

“Ewondlileyo, Yawasindisa endlaleni, Yawakhusela naseloyikweni” into ethetha ukuthi [INkosi yalo Mzi] inenzelelele ngokuninika ukhuseleko nokululanyelwa, kengoko Khonzani Yona Yodwa ngaphandle kokwenza oomahlulelane naYo. Akufuneki banqule izithixo kunye nezinye izinto ezidaliweyo. Lowo uyakuthi awuthobele lo myalelo, u-Allah Uyakumkhusela kobu bom belihlabathi nakwixa elizayo. Kanti yena uyakuthi angawuthobeli lo myalelo uyakuvinjwa ukuba afumane ezo zibonelelo zimbini [ukhuseleko kunye nokululanyelwa. U-Allah Uthi kwenye ivesi,

وَضَرَبَ اللَّهُ مَثَلاً قَرْيَةً كَانَتْ ءَامِنَةً مُّطْمَئِ يَأْتِيهَا رِزْقُهَا رَغَدًا مِّن كُلِّ مَكَانٍ

فَكَفَرَتت اللَّهِ فَأَذَاقَهَا اللَّهُ لِبَاسَ الْجُوعِ وَالْخَوْفِ بكوَا بكوَا بكوَا يَصْنَعُونَ -

وَلَقَدْ جَآءَهُمْ رَسُولٌ مِّنْهُمْ فَكَذَّبُوه فَأَخَذَهُمُ الْعَذَابُ وَهُمْ ظَـلِمُونَ

Kananjalo u-Allah Wenza umzekelo wedolophu [iMakkah]eyayihleli ikhuselekile yanelisekile nokwaneliseka, iimbonelelo zayo zisiza ziyindyebo kuyo zivela kuyo yonke indawo kodwa [abantu bayo] baziphika izibabalo zika-Allah [ngokungabi nambulelo]. Ke kaloku u-Allah Wayenza ukuba ikhe ingcamle indlala kanobom ngenxa yoko bakwenzayo [abantu bayo].

Ke kaloku inene kwafika uMprofethi [uMuhammad]kubo ephuma phakathi kwabo, kodwa bamphika, saza ke isohlwayo sabafumana besengabagabadeli njalo. (16:112-113)

﴿ سورة الماعون ﴾

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

أَرَأَيْتَ الَّذِى يُكَذِّبُ بِالدِّينِ ١

فَذَلِكَ الَّذِى يَدُعُّ الْيَتِيمَ ٢

وَلَا يَحُضُّ عَلَى طَعَامِ الْمِسْكِينِ ٣

فَوَيْلٌ لِلْمُصَلِّينَ ٤

الَّذِينَ هُمْ عَنْ صَلَاتِهِمْ سَاهُونَ ٥

الَّذِينَ هُمْ يُرَاءُونَ ٦

وَيَمْنَعُونَ الْمَاعُونَ ٧

﴾ Surah Al Maoon 107 ﴿

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

1. Umbonile na lowo uphika inkolo?

2. Lowo ngulowo uphatha kakubi inkedama.

3. Ongakhuthazi kondliwa kwamahlwempu.

4. Yeha kubakhonzi!

5. Abangenankathalo ngemithandazo yabo.

6. Abanqwenela ukubonwa (ngabantu xa besenza izenzo zabo zonqulo).

7. (Kodwa) besala namancedwana amancinane (eentswelo zobumelwane).

3. Surah Al Maoon

Amancedwana amancinane

Esi sahluko satyhilwa eMakkah

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَـنِ الرَّحِيمِ

(Egameni lika-Allah uSolubabalo uSozinceba)

U-Allah Uthi, "Hini na Muhammad! Ingaba umbonile na lowo uphika inkolo." Apha eli gama Din lithetha ixesha elizayo, imini yokuvuzwa.

فَذَلِكَ الَّذِى يَدُعُّ الْيَتِيمَ

[Lowo uphatha kakubi inkedama] kuthethwa ngalowo Ucinezela inkedama ngokuthi angayiniki oko kuyimfanelo yayo. Akayondli kwaye akabonisi mfobe ngakuyo.

وَلاَ يَحُضُّ عَلَى طَعَامِ الْمِسْكِينِ

[Ongakhuthazi kondliwa kwamahlwempu]. Malunga noku u-Allah Uthi,

كَلاَّ بَل لاَّ تُكْرِمُونَ الْيَتِيمَ - وَلاَ تَحَاضُّونَ عَلَى عَلَى الْمِسْكِينِ

[Nakanye! Nina anizixabisanga iinkedama! Yaye anikhuthazi ngokondla abasweleyo!] [89:17-18] Kuthetha ukuthi umntu osweleyo ngeemfuno zakhe akafumani nxaso. Emva koko u-Allah Uthi,

فَوَيْلٌ لِّلْمُصَلِّينَ - الَّذِينَ هُمْ عَن صَلَـتِهِمْ سَونَاه

[Yeha kubakhonzi, Abangenankathalo [Saahoon] ngemithandazo yabo.] U-Ibni Abbas radhiallahu anhuma kunye nabanye bathi, Apha kuthethwa ngabahanahanisi abathandaza esidlangalaleni kodwa bangathandazi bebodwa'. Ngenxa yoko u-Allah Uthi,

لِّلْمُصَلِّينَ

[Kwabo bakhonzayo] Ngabo bantu bathandazayo kodwa bangamisi ngqondo xa bethandaza. Oku kusenukuthetha ukungathandazi kwaphela, njengokuba esitsho u-Ibni Abbas radhiallahu anhuma, kusenokwenzeka ithetha ukuthandaza umthandazo ngexesha lawo eliqingqiweyo ngokwe-Islam, okanye ithethe ukuthandaza umthandazo ngaphandle kwexesha lawo eliqingqiweyo. Oku kungentla kwathethwa ngu-Masrooq kunye no-Abu Duha. U-Ata bin Dinar yena wathi, Iindumiso zonke zezi ka-Allah, Yena Wathi,

عَن صَلَـتِهِمْ سَاهُونَ

[Kwimithandazo yabo Saahoon,] Akatshongo ukuba abo ingqondo yabo ingazinzanga emthandazweni." Kwakhona isenokuthetha abo bangathandazi ngexesha lokuqala elifanelekileyo lokungena komthandazo, balindela ixesha lokugqibela elifanelekileyo. lomthandazo, okanye isenokuthetha abo bathandazza ngaphandle kokulandela iintsika kunye nemiqathango efanelwe ukulandelwa yomthandazo. Nanjalo isenokuthetha uthandaza ngaphandle kokuzithoba nokucingisisa intsingiselo yento [ethethwa zezovesi uzicengcelezayo]. Zonke ezi ngcaciso sizikhankanyileyo igama elisetyenziswe kule vesi liyaziquka Kodwa yena lo mntu unenye yezi mpawu sizikhankanyileyo kuye kukho inxenye yesabelo [sale vesi]. Kanti yena lo mntu kuye kukho zonke ezi mpawu sizikhankanyileyo, yena iyakube imchaphazela yonke into ethethwa kule vesi, kwaye kuye ziyakube zizalisekisiwe iimpawu zobuhanahanisi. Oko

kungqinwa zi-Ahadith ezi Saheeh apho khona uMthunywa ka-Allah sallallahu alayhi wasallam wathi,

تِلْكَ صَلَاةُ الْمُنَافِقِ. تِلْكَ صَلَاةُ الْمُنَافِقِ. تِلْكَ صَلَاةُ الْمُنَافِقِ. يَجْلِسُ يَرْقُبُ الشَّمْسَ.
حَتَّى إِذَا كَانَتْ بَيْنَ قَرْنَى الشَّيْطَانِ قَامَ فَنَقَرَ أَرْبَعًا. لَا يَذْكُرُ اللهَ فِيهَا إِلَّا قَلِيلًا

Lo ngumthandazo womhanahanisi, lo ngumthandazo womhanahanisi, lo ngumthandazo womhanahanisi Uhlala phantsi ejonge ukuba ilanga lide libe phakathi kweempondo zikaSathana. Ekubeni kunjalo [ilanga liphakathi kweempondo zikaSathana]uyaphakama axhole phantsi kube kane [iiRakaat ezine] abe engamkhumbuli no-Allah [xa esenza oko ngaphandle kokumkhumbula kancinci]. Le Hadith ichaza ixesha lokugqibela lokuphela komthandazo we-Asr, [eyaziwa ngokuba ngumthandazo ophakathi njengokuba kuqinesekisiwe [kwiHadith]. Eli xesha lisekugqibeleni ekupheleni kwexesha le-Asr lixesha elingathandwayo ukuba kuthandazwe ngalo. Lo mntu uyaphakama uyokuthandaza [umthandazo we-Asr], exhola [kulo mthandazo] oku kokuxhola kwenkukhu. Akanakuzinza nokuzithoba kwaphela. Kengoko uMprofethi sallallahu alaihi wa sallam wathi,

لَا يَذْكُرُ اللَّهَ فِيهَا إِلَّا قَلِيلًا

[Akamkhumbuli Allah kwezo Rakaat zimbini] ngaphandle nje kokuba emkhumbula kancinane [u-Allah]. Ufana nje nomntu ume nje khona ukuze abantu bambone ethandaza, akukho njongo yokukholisa u-Allah. Xa kunjalo uyafana nomntu ongathandazanga kwaphela. U-Allah Uthi,

إِنَّ الْمُنَـٰفِقِينَ يُخَـٰدِعُونَ اللَّهَ وَهُوَ خَادِعُهُمْ وَإِذَا قَامُوٓاْ إِلَى الصَّلَوٰةِ قَامُواْ كُسَالَىٰ يُرَآءُونَ
النَّاسَ وَلاَ يَذْكُرُونَ اللَّهَ إِلاَّ قَلِيلاً

Inene abahanahanisi banga bangakhohlisa u-Allah, kodwa [isuke] ibe ngu-Allah Okhohlisa bona. Naxa bephakamela ukwenza iSalaat bema ngokunqena besenzela ukubonisa abantu, yaye bona abamkhumbuli u-Allah ngaphandle [njee] kokuncinane. [4:142] U-Allah Uthi,

الَّذِينَ هُمْ يُرَآءُونَ

[Abo benzela ukubonisa] U-Imaam Ahmad uchaza ukuba u-Amr Ibni Murrah wathi, Mna [Amr Ibni Murrah] sasihleli no-Abu Ubaydah xeshikweni apho abantu babethetha malunga nabantu abenza izinto bezenzela ukubonisa abantu. Indoda eyayibizwa ngokuba ngu-Abu Yazid yathi, "Ndeva u-Abdullah bin Amr esithi uMthunywa ka-Allah sallallahu alayhi wasallam wathi,

مَنْ سَمَّعَ النَّاسَ بِعَمَلِهِ سَمَّعَ اللهُ بِهِ سَامِقعه سَامِقعَ وَحَقَّرَهُ وَصَغَّرَه

Nawuphi lowol wenza isenzo esenzela ubonisa abantu, u-Allah Yena UnguMmameli wendalo yaKhe, Uyakumhlaza kwaye Uyakumthoba, Kwenye ingxelo enxulumene noku u-Allah Ta'ala Uthi,

الَّذِينَ هُمْ يُرَآءُونَ

Abo bafuna ukubonwa [ngabantu xa besenza izenzo zabo zonqulo]. Lowo wenza isenzo esenzela-u-Allah, kodwa kwenzeke ukuba abantu basazi eso senzo, naye [umenzi weso senzo] azive exolile, xa kunjalo akazokuthatyathwa njengomntu onqwenela ubonisa abantu. U-Allah Uthi,

وَيَمْنَعُونَ الْمَاعُونَ

[Kodwa] besala namancedwana amancinane [eentswelo zobumelwane]. Oku kuthetha ukuba abayikhonzi iNkosi yabo kakuhle, ngokunjalo abayiphathi kakuhle indalo [ka-Allah]. Abanikezeli kwanezinto eziluncedo nokuba zincinane kangakanani

na kunye nokuba bazakufumana imbuyekezo kusini na. Abo bantu bayavimba nokuba kusekunikezeleni iZakaat nezinye iintlobo zesisa ezisondeza umntu ku-Allah. U-Al Masudi ubalisa awakufumana ku Salamah bin Kuhayl yena wabalisa awakuva ku-Abu Al-Ubaydin ukuba yena wabuza u-Ibni Masood malunga no –Al-Maoon, yena waphendula wathi, "Zizinto abantu abanikezelana ngazo, njenge zembe,imbiza ,ibhakethi nezinye izinto ezifana nazo."

﴿ سورة الكوثر ﴾

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

إِنَّا أَعْطَيْنَاكَ الْكَوْثَرَ ﴿١﴾

فَصَلِّ لِرَبِّكَ وَانْحَرْ ﴿٢﴾

إِنَّ شَانِئَكَ هُوَ الْأَبْتَرُ ﴿٣﴾

﴿ Surah Al Kawthar 108 ﴾

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

1. Inene wena Sikuphe iKawthar.

2. Ngoko ke thandaza eNkosini yakho,
unikele (amadini) kuYo.

3. Inene lowo ukuchasileyo nguye oza
kunqanyulwa (angabikho alityalwe).

4. Surah Al Kawthar

IKawthar

Esi sahluko satyhilwa eMakkah

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَـنِ الرَّحِيمِ

(Egameni lika-Allah uSolubabalo uSozinceba)

Inene wena [Muhammad] Sikuphe iKawthar. UMuslim, Abu Dawood kunye no An-Nasai baqulathe ukuba u-Anas wathi, "Ngethuba sasihleli noMthunywa ka-Allah, wathi wozela. Emva koko wathi waphakamisa intloko yakhe encumile. Thina sabuza sathi, Hini na Mthunywa ka-Allah! Yintoni na ekwenza uncume 'Yena waphendula wathi, Inene kutyhilwe kum isahluko [Surah] ngoku.Wacengceleza wathi,

إِنَّآ أَعْطَيْنَـكَ الْكَوْثَرَ - فَصَلِّ لِرَبِّكَ وَانْحَرْ - إِنَّ شَانِئَكَ هُوَ الأَبْتَرُ

Inene wena Sikuphe iKawthar. Ngoko ke thandaza eNkosini yakho, unikele [amadini] kuYo. Inene lowo ukuchasileyo nguye oza kunqanyulwa [angabikho alityalwe]

Emva koko wathi,

أَتَدْرُونَ مَا الْكَوْثَرُ

Niyayazi na ukuba yintoni na iKawthar? Thina saphendula sathi u-Allah noMprofethi waKhe bazi ngcono. Yena wathi,

فَإِنَّهُ نَهَرٌ وَعَدَنِيهِ رَبِّي عَزَّ وَجَلَّ عَلَيْهِ خَيْرٌ كَثِيرٌ هُوَ حَوْضٌ تَرِدُ عَلَيْهِ أُمَّتِي يَوْمَ الْقِيَامَةِ آنِيَتُهُ عَدَدُ النُّجُومِ فِي السَّمَاءِ فَيُخْتَلَجُ الْعَبْدُ مِنْهُمْ فَأَقُولُ: رَبِّ إِنَّهُ مِنْ أُمَّتِي فَيَقُولُ: إِنَّكَ لَا تَدْرِي مَا أَحْدَثَ بَعْدَك

Inene, Yona [iKawthar] ngumlambo iNkosi yam, eNamandla Nobungangamsha Indithembise ngawo kwaye kuyo kukho okulungileyo okuninzi. Yona liqula apho i-Ummah yam izakuthi iziswe kulo ngemini yoMgwebo. Iziqulathi [containers] [ecaleni kwalo] zizakube zininzi okwee nkwenkwezi esibhakabhakeni. Esinye sezicaka zika-Allah sizakunqandwa [ukuba sizokusela] Mna ndizakuthi, “Hini Nkosi! Lona ngomnye wabalandeli bam.” Yena u-Allah Uzakuthi, “Inene, [wena] akuzazi izinto ezintsha athe weza nazo emva kwakho.” La ngamagama ka-Muslim [igama lencwadi yeHadith]. U-Ahmad yena usibalisela ngale Hadith iphuma Muhammad Ibni Fudayl, yena eyibaliselwa ngu-Al-Mukhtar bin Malik. Kwakhona u-Imaam Ahmad ukwasibalisela ngomnye umlibo wayo ophuma ku-Anas, ukuba uMthunywa ka-Allah wathi:

دَخَلْتُ الْجَنَّةَ فَإِذَا أَنَا بِنَهْرٍ حَافَتَاهُ خِيَامُ اللُّؤْلُؤِ فَضَرَبْتُ بِيَدِي إِلَى مَا يَجْرِي فِيهِ الْمَاءُ فَإِذَا مِسْكٌ أَذْفَرُ قُلْتُ: مَاهَذَا يَا جِبْرِيلُ قَالَ: هَذَا الْكَوْثَرُ الَّذِي أَعْطَاكَهُ اللهُ عَزَّ وَجَل

Ndangena eParadesi ndafika kumlambo ononxweme lweentente. Ndathi ndakufaka isandla sam kumanzi walo aqengqelekayo ndafumanisa ukuba anevumba elikhulu lweMusk. Mna ndabuza. “Hini na Gabriyeli! Yintoni lena.” Yena waphendula wathi,Lena yiKawthar u-Allah, uSomandla uSobungangamsha Akunike yona.” Kanti yena u-Al-Bukhari kwi Sahih yakhe ngokunjalo uMuslim ngegunya lika-Anas bin Malik radhiallahu anhu. Ngokwembaliso yabo u-Anas wathi, Ngethuba uMprofethi enyusiwe esiwe emazulwini, Wathi,

أَتَيْتُ عَلَى نَهْرٍ حَافَتَاهُ قِبَابُ اللُّؤْلُؤِ الْمُجَوَّفِ فَقُلْتُ: مَا هَذَا يَا جِبْرِيلُ قَالَ: هَذَا الْكَوْثَر

Ndafika kumlambo oneendonga ezingathi ngoongquphantsi beperile eliholoho. Mna ndabuza ukuba yintoni na le? Hini na Gabriyeli! Yena waphendula, “Lena yiKawthar.” La ngamagama asetyenziswe nguBukhari. U-Ahmad yena ubalisa ukuba u-Anas uthi indoda ethile yabuza yathi, “Hini na Mthunywa ka-Allah! Yintoni iKawthar?” Yena waphendula wathi,

هُوَ نَهْرٌ فِي الْجَنَّةِ أَعْطَانِيهِ رَبِّي لَهُوَ أَشَدُّ بَيَاضًا مِنَ اللَّبَنِ وَأَحْلَى مِنَ الْعَسَلِ فِيهِ طُيُورٌ أَعْنَاقُهَا كَأَعْنَاقِ الْجُزُر

ngumlambo eParadesi iNkosi yam endinike wona. Umhlophe ukogqitha ubisi kwaye usweet ukogqitha ubusi. Kuwo kukho iintaka ezinentamo ende ngokufana neecarrot. U-Umar yena wathi, “Hini na Mthunywa ka-Allah! Ngokuqinisekileyo ezo ntaka zizakuba ntle.” UMprofethi waphendula,

آكِلُهَا أَنْعَمُ مِنْهَا يَا عُمَر

Lowo uzakuthi azitye [abantu baseParadesi] baza kubabahle ukogqitha zona, Hini na Umar. UBukhari ucaphula kuSa’id bin Jubayr ukuba u-Ibni Abbas wathi malunga neKawthar, “Kokulungile u-Allah akunike yena [uMprofethi].” U-Abu Bishr yena uthi ndathi, “ku Sa’id bin Jubayr, Abantu babanga ukuba ngumlambo oseParadesi.” USai’id yena waphendula wathi, “Lo mlambo useParadesi uyinxalenye yoko kulungileyo u-Allah akunike yena.” U-Al-Bukhari kwakhona ucaphule kuSa’id bin Jubayr ukuba u-Ibni Abbas wathi, “Al-Kawthar kukulunga okuninzi.” Le ngcaciso lo mlambo kunye nezinye izinto. Kuba eli gama lithi Kawthar liphuma kwigama elithi Kathrah[ninzi] kwaye ngokwa sekusetyenzisweni kolwimi kuthetha ukulunga okuninzi. Ngokwalapha ukulunga kuthetha umlambo[eParadesi]. U-Imam

Ahmad yena ucaphule ku-Ibni Umar ukuba uMthunywa ka-Allah ﷺ wathi,

الْكَوْثَرُ نَهْرٌ فِى الْجَنَّةِ حَافَتَاهُ مِنْ ذَهَبٍ وَالْمَاءُ يَجْرِى عَلَى اللُّؤْلُؤِ وَمَاؤُهُ أَشَدُّ بَيَاضًا مِنَ اللَّبَنِ وَأَحْلَى مِنَ الْعَسَل

IKawthar ngumlambo eParadesi iindonga zawo zezegolide kwaye amanzi awo ahambe kwiiperile. Amanzi awo amhlophe ukogqitha ubisi kwaye aswiti ukogqitha ubusi. Le Hadith ikwacatshulwe ngoluhlobo nguTirmidhi, Ibni Majah, Ibni Abi Hatim kunye no-Ibni Jarir. U-At-Tirmidhi, wathi "Hasan Sahih." Emva koko u-Allah Uthi,

فَصَلِّ لِرَبِّكَ وَانْحَرْ

Ngoko ke thandaza eNkosini yakho, unikele [amadini] kuYo. Kengoko, guqukela eNkosini yakho wenze idini. Intio ethetha ukuthi, njengokuba Sikunike okulungileyo okuninzi kweli hlabathi nakwixa elizayo –kengoko thandaza imithandazo yakho elunyanzelo kunye naleyo ingelo nyanzelo uyithandazela iNkosi yakho yodwa. Nqula Yena Yedwa kwaye ungenzi mahlulelane naYe. Xa usenza idini lenze ubiza laKhe yeDwa,ngaphandle kokwenza oomahlulelane naYe. Emva koko u-Allah Uthi,

قُلْ إِنَّ صَلاَتِى وَنُسُكِى وَمَحْيَاىَ وَمَمَاتِى للَّهِ رَبِّ الْعَـلَمِينَ - لاَ شَرِيكَ لَهُ وَبِذَلِكَ أُمِرْتُ وَأَنَاْ أَوَّلُ الْمُسْلِمِينَ

"Yithi 'Inene iSalaat yam, ukuzinikela kwam, ukuphila kwam nokufa kwam kokuka Allah, iNkosi yamaphakade.

Yena Akanamahlulelane. Kananjalo mna ngako oku ndiyalelwe, yaye mna ndingowokuqala kwaba ngamaMuslim [6:162-163]. U-Ibn Abbas, Ata, Mujahid, Ikrimah kunye no-Al-Hasan bonke bathi kufuneka kwenziwe idini ngeBudn. Qatadah, Muhammad bin Ka'ab, Al-Qurazi, Ad-Dahhak, Ar-Rabi, Ata Al-Khurasani, Al-Hakam, Ismaeel bin Abi Khalid kunye nezinye iinkonde zenkolo nazo luluvo lwazo.

Oku kuyakhabana nendlela abenza ngayo abo bakhonza izithixo, bona baqubuda kwabo bangaphandle kuka-Allah kwaye xa besenza idini balenza ngokubiza amanye amagama ngaphandle kwegama lia-Allah. U-Allah Uthi,

وَلاَ تَأْكُلُواْ مِمَّا لَمْ يُذْكَرِ اسْمُ اللَّهِ عَلَيْهِ وَإِنَّهُ لَفِسْقٌ

Ningayidli nina loo nyama lingabizwanga igama lika-Allah phezu kwayo ngexesha lokuxhelwa kwayo kuba kukuphambuka [ukungathobeli u-Allah]. 6:121.

Utshaba luka Mprofethi lunqanyulwe.

U-Allah Uthi:

إِنَّ شَانِئَكَ هُوَ الأَبْتَرُ

Inene lowo ukuchasileyo nguye oza kunqanyulwa [angabikho alityalwe] Ithetha ukuthi, Inene lowo ukuthiyileyo, Hini na Muhammad, kwaye ukuthiyile noko uthe weza nako kusisikhokelo, inyani, ubungqina obucacileyo kunye nokukhanya, yena lowo nguye onqanyulweyo kwaye asokuze akhunjulwe. U-Ibni Abbas, Mujahid, Sai'd bin Jubayr kunye noQatadah bonke bathi, "Le vesi yatyhilwa malunga no Al –As bin Wa'il. Yena ngalo lonke ixesha uMthunywa ka-Allah libizwa igama lakhe [ekhona,] yena wayesithi." Myekeni lo, kuba inene ungumntu onqanyulweyo [akananzala ingamadoda, kengoko akazokukhunjulwa. U-Allah Watyhila le vesi."

UShamir bin Atiyah wathi, "Le vesi yatyhilwa malunga no –Uqbah bin Abi Mu'ayt." U-Ibni Abbas kunye no-Ikrimah bobabini bathi, "Le Surah yatshilwa malunga noKa'ab bin Ashraf kunye neqela lama quraysh ayengakholwa."

Al-Bazzar ucaphule ukuba Ibni Abbas wathi, "UKa'ab bin Ashraf weza eMakkah amaQuraysh athi kuye." Wena uyinkokheli yabantu. Ingaba uthini na ngalo mntu ungenanto wenziwe ikheswa ngabantu bakhe, Ubanga ukuba ungcono kunathi nasekubeni thina singabantu

balapha kule ndawo kwenziwa kuyo iHajj, kwaye thina sithi abanika abantu abeze kwiHajj amanzi. “Yena waphendula wathi, Nonke ningcono kunaye.” Kengoko u-Allah watyhila,

إِنَّ شَانِئَكَ هُوَ الأَبْتَرُ

Inene lowo ukuchasileyo nguye oza kunqanyulwa [angabikho alityalwe]. Lena yindlela u-Al-Bazzar ayicaphule ngayo esi siganeko kwaye ityathanga lababalisi baso bathembakele. Yena ucatshulwa ukuba wathi, Le Surah yatyhilwa malunga no –Abu Lahab ngethuba kusweleke unyana kaMthunywa ka-Allah. U-Abu Lahab waya kubakhonzi bezithixo wathi kubo, UMuhammad unqanyulwe [kuthetha ukuthi] ukususela ngobu busuku uMuhammad kwinzala yakhe engamadoda.” Malunga nesisiganeko u-Allah watyhila,

إِنَّ شَانِئَكَ هُوَ الأَبْتَرُ

Inene lowo ukuchasileyo nguye oza kunqanyulwa [angabikho alityalwe] USuddi yena uthi, Xa kusweleka abantwana abangamakhwenkwe baka Muhammad bathi unqanyuliwe. Apho u-Allah watyhila,

إِنَّ شَانِئَكَ هُوَ الأَبْتَرُ

Inene lowo ukuchasileyo nguye oza kunqanyulwa [angabikho alityalwe]. Ngenxa yokungazi kwabo babecinga ukuba kuba beswelekile abantwana bakhe abangamakhwenkwe kuzakuthi nqam ukukhunjulwa kwakhe. Inga u-Allah angasikhusela! Ngokukhabanayo noko u-Allah Wakugcina ukukhunjulwa kwakhe, khona ukuze ihlabathi lonke lizokubona, kwaye Wenze ukuba kubelunyanzelo ukulandelwa kwemithetho yakhe. Ukukhunjulwa kwakhe kuyakuqhubekeka kude kufike imini yomgwebo. Inga iintsikelelo neenceba zika –Allah zingakuye ide yimini yomgwebo.

﴿ سورة الكافرون ﴾

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

قُلْ يَا أَيُّهَا الْكَافِرُونَ ﴿١﴾

لَا أَعْبُدُ مَا تَعْبُدُونَ ﴿٢﴾

وَلَا أَنْتُمْ عَابِدُونَ مَا أَعْبُدُ ﴿٣﴾

وَلَا أَنَا عَابِدٌ مَا عَبَدْتُمْ ﴿٤﴾

وَلَا أَنْتُمْ عَابِدُونَ مَا أَعْبُدُ ﴿٥﴾

لَكُمْ دِينُكُمْ وَلِيَ دِينِ ﴿٦﴾

﴾ Surah Al Kaafiroon 109 ﴿

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

1. Yithi: Hini na nina bangakholwayo!

2. Andikunquli oko nina nikunqulayo,

3. Nibe nani anikunquli oko mna ndikunqulayo.

4. Kanti nam andiyi kukunqula oko nina nikunqulayo.

5. Ukanti nani aniyi kukunqula oko mna ndikunqulayo.

6. Nina ninenkolo yenu nam ndinenkolo yam.

5. Surah Al Kaafiroon

Abangakholwayo

Esi sahluko satyhilwa eMakkah

Ukufunda ezi zahluko kwimithandazo engelo nyanzelo.

USahih Muslim uqinisekise ukuba wacaphula kuJabir ukuba uMthunywa ka-Allah [sallallahu alayhi wasallam] wacengceleza uSurah Kaafiroon kunye noSurah

قُلْ هُوَ اللَّهُ أَحَدٌ

kwiiRakaat ezimbini zeTawaaf. Kwakhona kwiSahih Muslim kwiHadith ka-Abu Hurayrah kuchazwa ukuba uMthunywa ka-Allah [sallallahu alayhi wasallam] wafunda ezi surah zimbini kwiiRakaat ezimbini zomthandazo ongelo nyanzelo wasekuseni. U-Imaam Ahmad yena ucaphula ku-Ibni Umar ukuba uMthunywa ka-Allah wafunda kwiiRakaat ezimbini eziphambi komthandazo wakusasa kunye nakwiiRakaat ezimbini ezisemva komthandazo wokutshona kwelanga malunga namatyeli alishumi okanye amashumi amabini ohlukeneyo,

قُلْ يأَيُّهَا الْكَـفِرُونَ

Yithi; Hini na nina bangakholwayo! Kunye no

قُلْ هُوَ اللَّهُ أَحَدٌ

[Yithi: ngu-Allah, Mnye Jwi]. U-Ahmad naye ucaphule ukuba u-Ibni Umar wathi, “Ndambona uMprofethi efunda amatyeli angamashumi amabini anesine okanye amatyeli angamashumi amabini anesihlanu kwiiRakaat ezimbini zomthandazo ophambi komthandazo wasekuseni kunye nakumthandazo osemva kokuphuma kwelanga,

قُلْ يأَيُّهَا الْكَـفِرُونَ

kunye

قُلْ هُوَ اللَّهُ أَحَدٌ

nakwiiRakaat ezimbini phambi komthandazo wasekuseni.

Le Hadith ikwacatshulwe ngu-At-Tirmidhi, Ibni Majah kunye no-Nasaai. UTirmidhi uthe, “iHasan.” Ngaphambili besele kuchaziwe ukuba uSurah Al-Kaafiroon ulingana nesinye esineni seQuran kunye nokuba uSurah Az-Zalzalah naye ulingana nesinye esineni seQuran.

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَـنِ الرَّحِيمِ

Egameni lika –Allah uSolubabalo uSozinceba.

Isibhengezo sokuzihlambulula kwiShirk

Esi sahluko sisahluko sokukhaba izenzo zabo bakhonza izithixo. Siyalela ukuba mazikhatywe ngamanqina omane izenzo zabakhonza izithixo. U-Allah uthi,

قُلْ يأَيُّهَا الْكَـفِرُونَ

[Yithi: Hini nina bangakholwayo!] Esi sibhengezo siquka bonke abo phezu komhlaba, kodwa apha sijolise kwabo bangakholwayo bohlanga lwamaQuraysh. Kuthiwa ngenxa yokungazi kwabo bamema uMthunywa ka-Allah sallallahu alayhi wasallam ukuba anqule izithixo zabo isithuba esingango nyaka kanti nabo bazakunqula u-Allah wakhe sallallahu alayhi wasallam isithuba esingango nyaka. Kulapho khona u-Allah watyhila esi sahliko.

Kuso u-Allah Uyalele uMthunywa wakhe azikhwebule kwinkolo yabo bangakholwayo ngokupheleleyo.

U-Allah wathi,

لاَ أَعْبُدُ مَا تَعْبُدُونَ

[Andikunquli oko nina nikunqulayo] Yenau-Allah, Mnye.

وَلاَ أَنتُمْ عَـبِدُونَ مَآ أَعْبُدُ

Akanalo iqabane okanye umahlulelane. Eli gama lithi Ma [Yintoni] lithetha xa ingumntu [lowo]. U-Allah Uthi,

وَلاَ أَنَآ عَابِدٌ مَّا عَبَدتُّمْ وَلاَ أَنتُمْ عَـبِدُون أَعْبُدُ

[Kanti nam andiyi kukunqula oko nina nikunqulayo. Ukanti nani aniyi kukunqula oko mna ndikunqulayo].

Into ithetha ukuthi andinquli ngendlela nina eninqula ngayo. Mna ndinqula u-Allah ngendlela Athanda ngayo kwaye Akholisekileyo yiyo.

U-Allah Uthi,

وَلاَ أَنتُمْ عَـبِدُونَ مَآ أَعْبُدُ

[Ukanti nani aniyi kukunqula oko mna ndikunqulayo] kuthetha ukuthi nina anilandeli miyalelo ka-Allah xa nisithi niyamnqula. Koko nenza ngeendlela iinkanuko zenu ezifuna ngazo. Njengokuba u-Allah Esitsho,

إِن يَتَّبِعُونَ إِلاَّ الظَّنَّ وَمَا تَهْوَى الأَّنفُسُ وَلَق جَآءَهُم مِّن رَّبِّهِمُ الْهُدَى

[Abalandeli nto ngaphandle koqash-qash noko kunqwenelwa yimiphefumlo yabo, kanti sele sifikile kubo iSikhokelo esivela eNkosini yabo!] [53-23] Apha kugatywa yonke into abayenzayo edibene nokholo kunye nonqulo lwabo. Kuba kaloku umntu okholwayo kufuneka abenaye uthixo amkhonzayo kwaye kubekho izenzo zonqulo azilandelayo khona ukuze azokufikelela kuye. UMthunywa ka-Allah kunye nabalandeli bakhe banqula u-Allah

ngendlela Ayalele ngayo.Kungenxa yeso sizathu i-Islam isithi "Akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah, kwaye uMuhammad sallallahu alayhi wasallam nguMthunywa waKhe." Lonto ithetha ukuthi ngokuyinene akukho ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah kwaye alukho olunye uhlobo anokunqulwa ngayo ngaphandle kwendlela anqula ngayo uMthunywa. Abanquli bezithixo abamnquli u-Allah kwaye banqula ngendlela Angayifuniyo u-Allah. Kungenxa yoko uMthunywa ka-Allah esithi kubo,

لَكُمْ دِينُكُمْ وَلِيَ دِينِ

[Nina ninenkolo yenu nam ndinenkolo yam.] Ngokufanayo nentetho ka-Allah ethi,

وَإِن كَذَّبُوكَ فَقُل لِّي عَمَلِي وَلَكُمْ عَمَلُكُمْ أَنْتُمْ بَرِيئُونَ مِمَّآ أَعْمَلُ وَأَنَاْ بَرِىٓءٌ مِّمَّا تَعْمَلُوْن

[Ke kaloku ukuba bayakuphikisa, yithi wena, "Mna ndinezenzo zam, ukanti nani ninezenzo zenu! Nina nimsulwa koko ndikwenzayo mna, kanti nam ndimsulwa koko nikwenzayo nani!"] [10:41] Kwakhona watsho ukuthi,

لَنَآ أَعْمَـٰلُنَا وَلَكُمْ أَعْمَـٰلُكُمْ

[Bathi izenzo zethu mazibe phezu kwethu, izenzo zenu zibe phezu kwenu.] [28: 55] U-Al-Bukhari uthi,

لَكُمْ دِينَكُمْ

[Nina ninenkolo yenu.] Yokungakholwa.

وَلِيَ دِينِ

[Nam ndinenkolo yam] kuthetha inkolo ye-Islam.

﴿ سورة النصر ﴾

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

إِذَا جَاءَ نَصْرُ اللَّهِ وَالْفَتْحُ ۝١

وَرَأَيْتَ النَّاسَ يَدْخُلُونَ فِي

دِينِ اللَّهِ أَفْوَاجًا ۝٢

فَسَبِّحْ بِحَمْدِ رَبِّكَ وَاسْتَغْفِرْهُ

إِنَّهُ كَانَ تَوَّابًا ۝٣

﴾ Surah Al Nasr 110 ﴿

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

1. Lwakufika uNcedo luka-Allâh noloyiso,

2. Uze ubone abantu bengena enkolweni
ka-Allâh (i-Islam) beziindimbane,

3. Zukisa iNkosi yakho ke ngoko ngendumiso,
ucele itarhu (kuYo). Inene Yona nguMxoleli
Ohlala Esamkela inguquko.

6. Surah Al Nasr

UNcedo

Izinto ezintle malunga noSurah Al-Nasr

USurah An-Nasr kuthiwa ulingana nesinye esineni seQuran kunye nokuba uSurah Az-Zalzalah naye ulingana nesinye esineni seQuran.

U-Imaam Nasa'i uchaze ukuba u-Ubaydullah bin Abdullah bin Utbah wathi kuye u-Abdullah bin Utbah! Uyayazi na iSurah yokugqibela utyhilwa, "Yena waphendula wathi," Ewe yayingu

إِذَا جَآءَ نَصْرُ اللَّهِ وَالْفَتْحُ

Lwakufika uNcedo luka-Allah noloyiso] [110:1] "U-Ibni Abbas waphendula wathi, Inene uthethe inyani."

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَـنِ الرَّحِيمِ

Egameni lika-Allah uSolubabalo uSozinceba.

Le surah yalatha ukuba ubom boMthunywa ka-Allah ﷺ bufikelela esiphelweni.

U-Al-Bukhari uchaza ukuba u-Ibni Abbas radhiallahu anhuma wathi, "U-Umar wayedla ngokundisa kwiindibano apho kwakukho abantu abadala [ababe thabathe inxaxheba kwimfazwe yaseBadr]. Kodwa kwakhangeleka ingathi omnye wabo wayephikisana neso senzo [sokuqukwa kwam kwezo ndibano. Lo nkonde yathi Umar, kutheni usiza nale dyongwana ukuba ihlale nathi nasekubeni nathi sinabo abantwana abangangaye [ngeminyaka]." U-Umar radhiallahu anhu waphendula wathi, Inene ungomnye wabo nibaziyo. Ngenye imini wazibiza zonke ezo Nkonde [ezazi thabathe inxaxheba eBadr] kwakhona nam wandenza inxalenye yalo ndibano, khona ukuze azozibonisa into. Wathi [u-Umar radhiallahu anhu, luthini uluvo lwenu ngale ngxelo ka-Allah.

إِذَا جَآءَ نَصْرُ اللَّهِ وَالْفَتْحُ

[Lwakufika uNcedo luka-Allah noloyiso] 'Ezinye zezo nkonde zathi, Siyalelwe ukuba simdumise u-Allah kwaye sicele uxolelwa nguYe xa Esinceda kwaye Esinika uloyiso." Ezinye zathula zathi tu. Emva kwexesha yena [u-Umar radhiallahu anhu] wathi kum, ingaba nawe uthetha oko bakuthethayo kusini na, hini na Ibni Abbas? Mna ndathi, Hayi. Yena [u-Umar] wathi, wena kanti uthini? Mna ndathi, U-Allah Wazisa uMthunywa ﷺ waKhe ukuba ubomi bakhe bufikelela esiphelweni. U-Allah Uthi,

إِذَا جَآءَ نَصْرُ اللَّهِ وَالْفَتْحُ

[Lwakufika uNcedo luka-Allah noloyiso] Into eluphawu lokuba ubomi bakho bufikelela esiphelweni.

فَسَبِّحْ بِحَمْدِ رَبِّكَ وَاسْتَغْفِرْهُ إِنَّهُ كَانَ تَوَّابًا

[Zukisa iNkosi yakho ke ngoko ngendumiso, ucele itarhu [kuYo]. Inene Yona nguMxoleli Ohlala Esamkela inguquko.]

U-Umar bin Al-Khattab radhiallahu anhu wathi, Mna andazi enye into malunga nale Surah ngaphandle koko ukuthethileyo." U-Al Bukhari yayinguye yedwa owacaphula le Hadith. U-Imaam Ahmad yena wacaphula ku-Ibni Abbas radhiallahu anhuma esithi,

إِذَا جَآءَ نَصْرُ اللَّهِ وَالْفَتْحُ

Ngexesha kutyhilwa [Lwakufika uNcedo luka-Allah noloyiso.] UMthunywa ka-Allah ﷺ wathi,

نُعِيَتْ إِلَيَّ نَفْسِى

[Ukusweleka kwam kwazisiwe kum.] Ngenene wasweleka kulo nyaka." Naye u-Imaam Ahmad nguye yedwa oqulathe le Hadith. U-Al-

Bukhari yena uqulathe ukuba u-Aisha wathi, uMthunywa ka-Allah ﷺ wayethe gqolo esithi xa egoba kunye naxa equbuda,

سُبْحَانَكَ اللَّهُمَّ رَبَّنَا وَبِحَمْدِكَ اللَّهُمَّ اغْفِرْ لِى

[Uzuko malube kuwe, Hini na Allah. Nkosi yethu, iindumiso zonke mazibe kuwe, Hini na Allah, Ndixolele.]

Wenza oku njenge ndlela yokuchaza le surah yeQuran.

U-Imaam Ahmad ucaphula kuMasruq ukuba u-Aisha radhiallahu anha wathi, "UMthunywa ka-Allah ﷺ wayedla ngokufunda rhoqo oku kulandelayo xa egoba kunye naxa equbuda,

سُبْحَانَ اللهِ وَبِحَمْدِهِ أَسْتَغْفِرُ اللهَ وَأَتُوبُ إِلَيْه

Uzuko malube ku-Allah kwaye zonke iindumiso zezaKhe. Ndicela uxolelwa ngu-Allah kwaye ndiguqukela kuYe.

Kwaye wathi,

إِنَّ رَبِّي كَانَ أَخْبَرَنِي أَنِّي سَأَرَى عَلَامَةً فِي أُمَّتِي وَأَمَرَنِي إِذَا رَأَيْتُهَا أَنْ أُسَبِّحَ بِحَمْدِهِ وَأَسْتَغْفِرَهُ إِنَّهُ كَانَ تَوَّابًا فَقَدْ رَأَيْتُهَا:

إِذَا جَآءَ نَصْرُ اللَّهِ وَالْفَتْحُ - وَرَأَيْتَ النَّاسَ يَدْخُلُونَ فِى دِينِ اللَّهِ أَفْوَجاً - فَسَبِّحْ بِحَمْدِ رَبِّكَ وَاسْتَغْفِرْهُ إِنَّهُ كَانَ تَوبَا

Lwakufika uNcedo luka –Allah, Uze ubone abantu bengena enkolweni ka-Allah beziindimbane, Zukisa iNkosi yakho ke ngoko ngendumiso, ucele itarhu [kuYo], Inene Yona nguMxoleli Ohlala Esamkela inguquko.

Inene ndilibonile olo phawu. [Lokuba] [Lwakufika uNcedo luka-Allah kunye noloyiso [Al-Fath]. Uze ubone abantu bengena enkolweni ka-Allah beziindimbane. [Xa kusenzeka oko] Zukisa iNkosi yakho

kengoko ngendumiso, ucele itarhu [kuYo]. Inene Yona nguMxoleli Ohlala Esamkela inguquko.] [Muslim] Al-Fath kuthetha ukuthathela kwamaMuslim eMakkah. Amanye ama-Arab ayelindele ukuba amaMuslim athathe ulawulo eMakkah phambi kokuba omkele i-Islam. Ayesithi, “Ukuba uMuhammad uyaboyisa abantu bakhe [abantu baseMakkah] lonto iyakubonisa ukuba unguMprofethi onyanisekileyo.” Wathi u-Allah Wakumnika uloyiso lwase Makkah indimbane yamaArab yomkela i-Islam.Emva kweminyaka emibini emva kokuthathelwa ezandleni kweMakkah ngamaMuslim, usinga siqithi waseArabia wawugcwele amakholwa. Zonke iintlanga zama Arab zomkela i-Islam. Uzuko neendumiso zonke mazibe ku-Allah.

U-Imaam Bukhari kwiSahih yakhe uchaza ukuba u-Amr bin Salamah, ngethuba amaMuslim ethabathela ulawulo ezandleni eMakkah, bonke abantu bakhawuleza ukuya kuMthunywa ka-Allah uyokomkela i-Islam. Imimandla eyahlukeneyo yakulibazisa ukomkela i-Islam kude koyiswe iMakkah. Abantu bebedla ngokuthi, Myeken i kunye nabantu bakhe ukuba uyaboyisa ngenene unguMprofethi wokwenene.

U- Imaam Ahmad usicaphulela oko wakufumana ku-Abu Ammar ummelwane ka-Jabir bin Abdullah wamxelela ukuba, ngethuba ebuya eluhambeni u-Abdullah weza kum wandibulisa. Mna ndamxelela nge-antlukwano ekhoyo phakathi kwabantu kunye nezinto ezintsha abazenzayo. UJabir walila wathi, ndeva uMthunywa ka-Allah ﷺ esithi,

إِنَّ النَّاسَ دَخَلُوا فِي دِينِ اللهِ أَفْوَاجًا وَسَيَخْرُجُونَ مِنْهُ أَفْوَاجًا

Inene abantu bazakungena kwi-Islam bebaninzi, ngokunjalo bazakuphuma kwinkolo ye-Islam ngobuninzi.

﴿ سورة لهب ﴾

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

تَبَّتْ يَدَا أَبِي لَهَبٍ وَتَبَّ ﴿١﴾

مَا أَغْنَى عَنْهُ مَالُهُ وَمَا كَسَبَ ﴿٢﴾

سَيَصْلَى نَارًا ذَاتَ لَهَبٍ ﴿٣﴾

وَامْرَأَتُهُ حَمَّالَةَ الْحَطَبِ ﴿٤﴾

فِي جِيدِهَا حَبْلٌ مِنْ مَسَدٍ ﴿٥﴾

﴿ Surah Lahab 111 ﴾

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

1. Mazitshabalale zombini izandla zika-Abû Lahab, (naye) atshabalale.

2. Ubutyebi bakhe nabantwana bakhe bungamncedi nganto!

3. Uza kutsha edangatyeni loMlilo odwanguzayo!

4. Nomfazi wakhe, umthwalikazi weenkuni.

5. Entanyeni yakhe uya kuqanyangelwa ngentambo yomthi wesundu.

7. Surah Lahab

uSomadangatya

Esi sahluko satyhilwa eMakkah

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَـنِ الرَّحِيمِ

Egameni lika-Allah uSolubabalo uSozinceba.

Isizathu sokutyhilwa kwesi sahluko kunye nokuziphakamisa kuka-Abu Lahab ngakuMprofethi ka-Allah ﷺ

UBukhari ucaphule ku-Ibni Abbas ukuba uMprofethi ka-Allah ﷺ waya kwintlambo yase Al-Batha, wenyuka intaba. Emva koko wamemeza,

يَا صَبَاحَاه

[Hini na bantu, Yizani nonke] AmaQuraysh angungelana ngakuye. Yena [Muhammad] waye wathi,

أَرَأَيْتُمْ إِنْ حَدَّثْتُكُمْ أَنَّ الْعَدُوَّ مُصَبِّحُكُمْ أَوْ مُمَسِّيكُمْ أَكُنْتُمْ تُصَدِّقُونِّي

[Ingaba ukuba ndinokunixelela ukuba utshaba luza kunihlasela kusasa, okanye ebusuku, ingaba ningandikholelwa kusini na] Baphendula bathi "Ewe" [siyakukholelwa]. Yena [Muhammad] waphendula wathi,

فَإِنِّي نَذِيرٌ لَكُمْ بَيْنَ يَدَيْ عَذَابٍ شَدِيد

[Inene, ndinguMlumkisi kuni phambi kokuba kufike isohlwayo esikhulu.] U-Abu Lahab wathi, "Ingaba usiqokelele oku, Inga ungatshabalala!" Kengoko u-Allah watyhila,

تَبَّتْ يَدَآ أَبِى لَهَبٍ وَتَبَّ

[Mazitshabalale zombini izandla zika-Abu Lahab!] kude kuyokutsho ekupheleni kweSahluko. Kwenye inkcazo ithi waphakama [Abu Lahab] wavuthulula izandla zakhe, wathi, Inga ungatshabalala imini yonke! Ubusiqokelela apha ngenxa yalonto? U-Allah watyhila,

تَبَّتْ يَدَآ أَبِي لَهَبٍ وَتَبَّ

[Mazitshabalale zombini izandla zika-Abu Lahab!] Umgca wokuqala sisiqalekiso kuye [Abu Lahab] kanti wona owesibini ziinkcukacha malunga naye. U-Abu Lahab wayengomnye womalume baka Mprofethi ka-Allah. Igama lokwenene yayi ngu Abdul Uzza bin Abdul Mutalib. Ifani yakhe yayingu Abu Utaybah, kodwa wayebizwa ngokuba ngu –Abu Lahab ngenxa yokukhazimla kobuso bakhe. Wayethe gqolo evisa kabuhlungu uMprofethi ka-Allah. Wayemcaphukela kwaye emzonda kunye nenkolo yakhe i-Islam. U-Imaam Ahmad ucaphule ku-Abu Az-Zinad ukuba indoda eyayisakwaziwa ngokuba ngu-Rabiahbin Abbad wohlanga lwama Bani Ad-Dil ongomye wabo babekhona ngexesha lobumnyama [Jahilliya] womkela i-Islam, yena [u-Rabiah bin Abbad] wathi kuye [Abu Az-Zinad, "Ndabona uMprofethi ngexesha eli phambi kwe-Islam [Jahilliya kwimarike yase Dhul –Majaaz esithi,

يَا أَيُّهَا النَّاسُ قُولُوا: لَا إِلَهَ إِلَّا اللهُ تُفْلِحُوا

Hini na Bantu! Yithani akukho namnye ofanele ukukhonzwa ngaphandle kuka-Allah [ngokwenza njalo] nizakuphumelela.] Abantu babe ngungelane kuye, kodwa ngemva kuye kwakukho le ndoda enobuso obukhazimlayo, enamehlo aligxwemu enenwele eziphothwe kabini. Yayisithi, ungumlahli –nkolelo [yokhokho bayo] kunye nexoki "Le ndoda yayimlandela [uMprofethi ka-Allah apho akhoyo. Yena [uRabiah bin Abbad] uthi ndabuza ukuba ngubani na lona,abantu baphendula bathi, ngumalume wakhe, u-Abu Lahab." U-Ahmad ucaphule esisicatshulwa kuSurayj, yena esicaphula ku-Ibni Abu Az-Zinad yena esicaphule kutatawakhe u-Abu Zinad naye ucaphule eso sicatshulwa sinye. Kodwa yena kwinkcazelo yakhe, u-Abu Zinad wathi, "Ndathi ku-Rabiah, ingaba wena wawuse

ngumntwana kusini na ngelo xesha? Yena waphendula wathi, Hayi. Ndiyafunga ngo-Allah, ngalo mini ndandingoyena ukrelekrele, kwaye ndandi yingcali yokuvuthela ixilongo [lomculo]. U-Ahmad nguye yedwa owacaphula le Hadith. Malunga

مَآ أَغْنَى عَنْهُ مَالُهُ وَمَا كَسَبَ

[Ubutyebi bakhe nabantwana bakhe bungamncedi nganto! U-Ibni Abbas radhiallahu anhuma nabanye bathi:

وَمَا كَسَبَ

[Abantwana bakhe (Kasab) abasayi kumnceda] “Kasab kuthetha abantwana bakhe. Ingxelo enjalo sikwayifumana ku-A’ishah, Mujahid, Ata, Al-Hasan kunye no-Ibni Masood uthi ngethuba uMthunywa ka-Allah ebizela abantu kwinkolo ye-Islam,” u-Abu Lahab, nokuba umtshana wam Undibizela kwinto eyinyani, ndizakuzikhulula [ndizakuzisindisa kweso sohlwayo semini yomgwebo ngobutyebi bam kunye nangabatwana bam.” U-Allah watyhila,

مَآ أَغْنَى عَنْهُ مَالُهُ وَمَا كَسَبَ

[Ubutyebi bakhe nabantwana bakhe bungamncedi nganto! Emva koko Wathi u-Allah,

سَيَصْلَى نَاراً ذَاتَ لَهَبٍ

[Uzakungena edangatyeni loMlilo odwanguzayo. Isiphelo sika Umm Jamil, unkosikazi ka-Abu Lahab

وَامْرَأَتُهُ حَمَّالَةَ الْحَطَبِ

[Nomfazi wakhe, umthwalikazi weenkuni] Umfazi wakhe waye yinkokhelikazi yamaQuraysh kwaye esaziwa ngokuba ngu-Umm Jamil. Igama lomfazi wakhe yayingu Arwa bint Harb bin Umayyah,

engudade ku-Abu Sufyan. Wayemxhasa umyeni wakhe ekungakholweni kwakhe, nasekugatyeni kwakhe i-Islam. Kengoko uzakuncedisa ekohlwayweni kwakhe emlilweni wesihogo ngeMini yoMgwebo.

U-Allah Uthi,

وَامْرَأَتُهُ حَمَّالَةَ الْحَطَبِ - فِي جِيدِهَا حَبْلٌ مِّن مَّسَدٍ

[Nomfazi, umthwalikazi weenkuni entanyeni yakhe uya kuqanyangelwa ngentambo yomthi wesundu], into ethetha ukuthi, uzakuthwala iinkuni, aziphose kuye [ku-Abu Lahab] umyeni wakhe ukongenza kwisohlwayo sakhe.

فِي جِيدِهَا حَبْلٌ مِّن مَّسَدٍ

[Entanyeni yakhe uya kuqanyangelwa ngentambo yesundu.] UMujahid kunye no-Urwa bathi, "ngentambo yomthi wesundu lomlilo." U-Al-Awfi usichazela ukuba ngowakufumana ku-Ibni Abbas radhiallahu anhuma, Atiya Al-Jadali, Ad-Dahhak kunye no-Ibni Zayd ukuba [umfazi ka-Abu Lahab] wayedla ngokubeka ameva endleleni apho ahamba khona uMprofethi ka-Allah ﷺ. Al-Jawhari wathi, Al-Masad kuthetha iintambo eyenziwe ngomthi wesundu okanye ngoboya beenkamela. Ngesi-Arabu kuthiwa Masdtul –Habla nokuba Amsaduhul Masadan,xa ubopha intambo uyiqinise." UMujahid wathi,

فِي جِيدِهَا حَبْلٌ مِّن مَّسَدٍ

Entanyeni yakhe uya kuqanyangelwa ngentambo yesundu (Masad).] Kuthetha Ingqosha yentsimbi. Ibali lomfazi ka-Abu Lahab lokonzakalisa uMprofethi ka-Allah, u-Ibn Abi Hatim wathi, utatawakhe kunye no-Abu Zur'ah bobabini bathi u-Abdullah bin Az-Zubayr Al- Humaydi wabaxelela ukuba u-Sufyan u-Al –Walid bin Kathir wacaphula ku-Ibn Tadrus yena wacaphula ku-Asma bint Abi Bakr wathi, "Ngethuba kutyhilwa u-

تَبَّتْ يَدَآ أَبِى لَهَبٍ

U-Ummi Jamil bint Harb onemehlo elinye waphuma esenza isijwili. enilitye esandleni sakhe. Wayesithi, [UMuhammad] ugxeka utata wethu, kunye nenkolo yakhe, kwaye uyalela ukuba singathotyelwa. UMprofethi ka-Allah wayehleli eMasjid [Ka'aba] kunye no-Abu Bakr radhiallahu anhu. U-Abu Bakr radhiallahu anhu wathi wakumbona, Hini na Mthunywa ka-Allah ﷺ! Uyeza [umfazi ka-Abu Lahab], Ndoyikisela akubone. UMprofethi ka-Allah ﷺ waphendula wathi,

إِنَّهَا لَنْ تَرَانِى

[Inene akasayi kundibona] Emva wafunda iivesi ezithile zeQuran khona ukuze akhuseleke. Wakwenza oku njengokuba Esitsho u-Allah,

وَإِذَا قَرَأْتَ الْقُرءَانَ جَعَلْنَا بَيْنَكَ وَبَيْنَ الَّذِينَ لاَ يُؤْمِنُونَ بِالأَّخِرَةِ حِجَابًا مَّسْتُورًا

Kananjalo wena [Muhammad] xa ucengceleza iKuran Sibeka umkhusane phakathi ongabonakaliyo phakathi kwakho nabo bangakholwayo kuBomi oBuzayo [ukuze bangayiva] Weza phambili wada wazokuma phambi ko-Abu Bakr radhiallahu anhu ngaphandle kokubona uMprofethi ka-Allah ﷺ. Emva koko wathi, Hini na Abu Bakr! Ndixelelwe ukuba umhlobo wakho imibongo endihlazayo malunga nam. U-Abu Bakr radhiallahu anhu waphendula wathi, Akunjalo! Ndifunga ngeNkosi Yalendlu [Ka'aba] akakuhlazi. Wajika wahamba esithi, Inene ndiyintombi yenkokheli." Al-Walid kolunye ucaphulo lwale Hadith, ndiyintombi yomnye umntu. Kengoko wakhubeka kwilaphu awayelibophe esinqeni ngethuba ejikeleza iKa'ba [Tawaaf], Isiqalekiso masibe kulowo undigxekayo." Yena u-Ummi Hakim bint Abdul Mutallib wathi, Ndingumfazi onyulu, andisayi kuthukisa, ndingumfazi osulungekileyo, andazi [ngomgxeki wakho]. Kuba sobabini singabantwana baka-malume omnye. Kodwa wona amaQurayshb azi ngcono.

﴿ سورة الاخلاص ﴾

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

قُلْ هُوَ اللَّهُ أَحَدٌ ۝١

اللَّهُ الصَّمَدُ ۝٢

لَمْ يَلِدْ وَلَمْ يُولَدْ ۝٣

وَلَمْ يَكُنْ لَهُ كُفُوًا أَحَدٌ ۝٤

﴾ Surah Al Ikhlaas 112 ﴿

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

1. Yithi nguAllâh, Mnye (Jwi)

2. UAllâh nguNaphakade, Uphelele.

3. Akazali naYe Engazanga Wazalwa.

4. Ukanti akukho namnye ofana naYe.

8. Surah Al Ikhlaas

INtlambuluko

Esi sahluko satyhilwa eMakkah

Izizathu zokutyhilwa kwesi sahluko kunye nezinto ezintle ngaso.

U-Imaam Ahmad ucaphule ku Ubayy bin Ka'ab, ukuba abo babekhonza izithixo bathi kuMprofethi ﷺ, Hini na Muhammad! Sixelele ngomnombo weNkosi yakho." Kengoko u-Allah Watyhila

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَـنِ الرَّحِيمِ

Egameni lika-Allah uSolubabalo uSozinceba

Naye u-At-Tirmidhi kunye Ibni Jarir bacaphule njalo kodwa bona bongezelela oku kucaphulo lwabo,

الصَّمَدُ

[As-Samad] Ngulowo Ungaziliyo kwaye engazelwanga, kuba konke okuzelweyo kuzakusweleka, kushiye ilifa, inene u-Allah akazosweleka kwaye akazoshiya lifa ngasemva.

وَلَمْ يَكُن لَّهُ كُفُواً أَحَدٌ

[Ukanti akukho namnye ofana naYe] Kuthetha ukuba akukho nanye okanye namnye ofana naYe, akukho olingana naYe. "U-Ibni Abi Hatim naye ucaphule ngokufanayo kanti yena u-At-Tirmidhi uchaze ukuba le ntetho iMursal. Kwaye wathi olu lolona luvo luchanekileyo."

IHadith malunga nobuhle besi sahluko

U-Al-Bukhari ucaphule ku Amrah bint Abdur Rahman, yena wayehlala kwindlu ka-A'ishah radhiallahu anha, unkosikazi

kaMprofethi ﷺ, uchaza ukuba u-A'ishah wathi, "UMprofethi wathumela indoda ethile ukuba ibe ngumphathi womkhosi kwaye yayikhokela amaqabane wayo emthandazweni icengceleza iQuran. Yayigqibezela umthandazo ngokuthi ifunde: Yithi Yena ngu-Allah, Mnye." Bathi bakubuya emfazweni wachazelwa uMprofethi ﷺ ngokwenzekileyo [ngokufundwa kuka surah Ikhlaas ekupheleni kwemithandazo], Yena wathi,

سَلُوهُ لِأَيِّ شَيْءٍ يَصْنَعُ ذَلِكَ

[Mbuzeni ukuba kutheni ebesenza njalo] Bambuza, yena waphendula wathi, Kungenxa yokuba ichaza u-Ar-Rahmaan kwaye mna ndiyakuthanda ukuyicengceleza. Kengoko uMprofethi ﷺ wathi,

أَخْبِرُوهُ أَنَّ اللهَ تَعَالَى يُحِبُّه

[Mxeleleni ukuba u-Allah Ta'ala Uyamthanda.] Le yindlela u-Al-Bukhari ayicaphule ngayo le Hadith kwincwadi yakhe incwadi yeTawheed. UMuslim kunye no-An-Nasai nabo bayicaphule kwincwadi yabo yomthandazo. U-Al-Bukhari ucaphule ukuba u-Anas radhiallahu anhu wathi, Kwakukho indoda yom-Ansaar eyayikhokela umthandazo wabantu kwi masjid yaseQuba. Ngalo lonke ixesha iqalisa ukufunda iSurah kumthandazo eyaybakhokela kuyo, yayiqala ngokufunda "Yithi Yena ngu-Allah, Mnye, ide iyokutsho ekupheleni kweSurah. Emva koko yayifunda enye iSurah. Le ndoda yayisenza lento kwiiRakaat zonke. Amaqabane wayo athetha nayo malunga noku esithi; Ngenene uqalise umthandazo ngale Surah [Surah Ikhlaas] ingaba ukubona kungonelanga na ukufunda yona yodwa ngalento ufunda kunye nayo enye iSurah? Kengoko kungcono ukuba ufunde yona okanye uyiyeke ufunde enye iSurah. Yona lo ndoda yaphendula yathi, Andisayi kukuyeka [ukufunda uSurah Ikhlaas]. Ukuba nifuna ndinikhokele [emthandazweni], ndiyekwenza njalo [ndifunda uSurah Ikhlaas], kodwa ukuba anikholwa koko, ndizakuyeka [ukunikhokela emthandazweni]. Amaqabane wakhe ayemthabatha njengoyena mntu ufanele ukubakhokela emthandazweni, kwaye ayengafuni ukukhokelwa ngomnye umntu

emthandazweni. Wathi wakufika uMprofethi ﷺ bamxelela, yena wathi,

يَا فُلَانُ مَا يَمْنَعُكَ أَنْ تَفْعَلَ مَا يَأْمُرُكَ بِهِ أَصْحَابُكَ وَمَا حَمَلَكَ عَلَى لُزُوم هَذِهِ السُّورَةِ فِي كُلِّ رَكْعَةٍ

Hini na bani bani! Yintoni na ekunqandayo ukuba wenze lonto amaqabane wakho akuyalela yona, kwaye yintoni na ebangela ukuba ufunde le Surah kwiRakaat zonke? Lo ndoda yaphendula yathi, Inene ndiyayithanda. UMprofethi ﷺ waphendula wathi,

حُبُّكَ إِيَّاهَا أَدْخَلَكَ الْجَنَّة

Ukuyithanda kwakho kuza kungenisa eParadesi. Konke oku kuqulathwe ku-Al-Bukhari, ngetsheyini eli qhawuqhawukileyo, kodwa ngendlela ebonisa ukuyomkela kwakhe.

IHadith isichazela ukuba leSurah ilingana nesinye esithathwini seQuran, uBukhari usicaphulela ku- Abu Sa'ad ukuba weva ukuba indoda ethile yeva enye indoda ifunda

قُلْ هُوَ اللَّهُ أَحَدٌ

[Yithi; "Ngu-Allah, Mnye"] ikuphindaphinda amatyeli amaninzi. Kusasa lo ndoda yaya kuMprofethi yamchazela, ngokungathi iyayeya [le Surah]. UMprofethi ﷺ wathi,

وَالَّذِى نَفْسِى بِيَدِهِ إِنَّهَا لَتَعْدِلُ ثُلُثَ الْقُرْآن

[Ndiyafunga Ngalowo ubomi bam busezandleni zaKhe, inene ilingana nesinye esithathwini seQuran.] U-abu Dawood noNasai nabo bayicaphule [leHadith]. Enye iHadith icatshulwe nguBukhari iphuma ku-Abu Sa'id inga u-Allah Angakholwa nguye, ukuba uMprofethi ﷺ wathi kumaqabane wakhe:

أَيَعْجِزُ أَحَدُكُمْ أَنْ يَقْرَأَ ثُلُثَ الْقُرْآنِ فِي لَيْلَةٍ

[Ingaba abanye benu abakwazi kusini na ukufunda isinye esithathwini ngobusuku obunye]. [Ukufunda iQuran kangako] yayiyinto enzima kubo, baphendula bathi, "Ngubani na kuthi onokwazi ukwenza lonto, Yena uMprofethi ka-Allah ﷺ" waphendula wathi,

اللهُ الْوَاحِدُ الصَّمَدُ ثُلُثُ الْقُرْآن

["U-Allah Mnye, nguNaphakade,Uphelele sisinye esithathwini seQuran.] UBukhari nguye yedwa oqulathe le Hadith.

Kwenye iHadith kuthiwa Ngokufunda yona kwenza kubeyimfuneko ukungeniswa eParadesi, u-Imaam Malik bin Anas ucaphule akufumene ku-Abu Hurairah radhiallahu anhu esithi, "Ndaphuma noMprofethi [apho] weva indoda ethile ifunda," Yithi ngu-Allah Mnye [Jwi]. Yena uMprofethi ka-Allah ﷺ wathi,

وَجَبَت

[Kuyimfuneko] Mna ndabuza yintoni ezakuyimfuneko, yena waphendula wathi,

الْجَنَّة

[IParadesi] UTirmidhi kunye noNasai bona bayicaphule ngendlela Malik, kanti yena uTirmidhi uthe, iHasan Sahih Gharib, Wathi thina asiyazi ngaphandle kwaleyo ichazwe nguMalik. KwiHadith apho uMprofethi ﷺ athe,

حُبُّكَ إِيَّاهَا أَدْخَلَكَ الْجَنَّة

Ukuyithanda kwakho kuyakubangela ungeniswe eParadesi.

IHadith malunga nokuphindaphinda le Surah, U-Abdullah bin Ahmad uqulathe oku Muadh bin Abdullah bin Khubayb, yena uchaza ukuba utata wakhe wathi, “Sanxanwa kwaye kwamnyama ngethuba silinde uMprofethi ka-Allah ﷺ ukuba asikhokele emthandazweni. Ngelingeni waphuma wandibamba ngesandla wathi,

قُل

[Yithi,] Emva koko wathi cwaka. Kwakhona wathi, Yithi,

قُل

[Yithi.] Mna ndathi ndithini? Yena wathi:

قُلْ هُوَ اللَّهُ أَحَدٌ

وَالْمُعَوِّذَتَيْنِ حِينَ تُمْسِى وَحِينَ تُصْبِحُ ثَلَاثًا تَكْفِكَ كُلَّ يَوْمٍ مَرَّتَيْنِ

[“Yithi ngu-Allah, Mnye] kunye neeSurah ezimbini zokucela ukukhuselwa [Al-Falaq kunye no-An-Nas] ebusuku nakusasa kube kathathu [iSurah nganye]. Ziyakonela ngemini nganye loo maxesha mabini yonke imihla.”] Le Hadith ikwacatshulwe ngu-Abu Dawood, At-Tirmidhi kunye no-Nasi. UTirmidhi yena uthe le hadith, iHasan Ghareb. U-An-Nasai ukwayicaphule ngelinye itsheyini lona linamagama athi,

يَكْفِكَ كُلَّ شَىْء

[Ziyakwanelisa kwinto yonke.]

Kwenye incwadi ka-Nasai yeTafseer ucaphule ku-Abdullah bin Burayda yena ecaphula kutata wakhe, esithi wangena [utata wakhe] eMasjid noMprofethi ka-Allah ﷺ, phakathi [apho eMasjid kwakukho indoda ethandazayo isithi, Hini na Allah! Inene, Ndiyacela ngokuba ndingqina ukuba akukho namnye ofanelwe ukukhonzwa ngaphandle kwakho, Wena UMnye, Akuxhomekekanga ntweni [UNguMondli

wento zonke, Akuzelanga kwaye Akuzelwanga Akukho namnye olingana Nawe. UMprofethi ﷺ wathi,

وَالَّذِى نَفْسِى بِيَدِهِ لَقَدْ سَأَلَهُ بِاسْمِهِ الْأَعْظَم الَّذِى إِذَا

Ndiyafunga ngaLowo ubomi bam busezandleni zaKhe, Inene le ndoda icele [ku-Allah] ngelona gama laKhe likhulu.

IHadith malunga nokucela ukuphiliswa ngokusebenzisa ezi Surahs.

UBukhari ucaphule ku-Aisha ukuba rhoqo uMprofethi ka-Allah ﷺ esiya kulala, wayedibanisa izandla zakhe, avuthele kuzo. Emva koko acengceleze kuzo, Yithi, ngu-Allah, Mnye [Jwi], Yithi, Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yom'sobomvu kunye no Yithi, Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoluntu. Wakugqiba osule intloko nobuso ngezandla zakhe kunye nangaphambili emzimbeni wakhe kathathu. Nabanye ababhali be Sunan bacaphule le Hadith].

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَـنِ الرَّحِيمِ

Egameni lika-Allah uSolubabalo uSozinceba.

قُلْ هُوَ اللَّهُ أَحَدٌ - اللَّهُ الصَّمَدُ - لَمْ يَلِدْ وَلَمْ يُولَدْ - وَلَمْ يَكُنْ لَّهُ كُفُواً أَحَدٌ

(1. Yithi ngu-allah Mnye) (2. U-Allah nguNaphakade, Uphelele) (3. Akazali naYe Engazanga Wazalwa) (4. Ukanti akukho namnye ofana naYe.) Isizathu sokutyhilwa kwesi sahluko sele sichaziwe. U-Ikrimah uthi, Xa amaJuda ayesithi, Thina sikhonza u-Azayr, unyana ka-Allah, ukanti wona amaKrestu athi thina sikhonza uMesiya [uYesu, unyana ka-Allah, abo bazi Zoroestrian bona bathi, thina sikhonza ilanga nenyanga, kanti bona abo bakhonza izithixo bathi, thina sikhonza, U-Allah watyhila oku kulandelayo kuMprofethi ﷺ wakhe,

قُلْ هُوَ اللَّهُ أَحَدٌ

[Yithi ngu-Allah Mnye] kuthetha ukuthi u-Allah Mnye, Akanabalingane, Akanabancedisi, Akakhuphisani [namntu okanye

nto] akukho ofana naYe. Eli gama lithi mnye angeze ukwazi ukulisebenzisa ngaphandle kwamathandabuzo ngaphandle kokuba ulisebenzisa ku-Allah uSomandla uSobungangamsha kuba kaloku Yena iikhwalithi zaKhe nezenzo zaKhe zigqibelele. Malunga nokuthi,

اللَّهُ الصَّمَدُ

[Allah As-Samad] u-Ikrimah uchaza ukuba u-Abbas wathi, "Kuthetha ukuba uNgulowo yonke indalo ixhomekeke kuYe ngeemfuno zayo kunye nezicelo zabo [zixhomekeke kuYe.]" U-Ali bin Talhah ucaphule ku –Ibni Abbas radhiallahu anhuma, "Ukuba uyiNkosi Egqibeleleyo kulawulo lwayo Unguyena Uhloniphelikeyo, uSozinceba Ogqibeleleyo kwinceba yaKhe. Unguyena Unyamezelayo Ogqibeleleyo ekunyamezeleni kwaKhe, UNguSolwazi Ogqibeleleyo kulwazi lwaKhe, UNguSobulumko Ogqibeleleyo kubulumko baKhe. Yena Ugqibelele kwiinkalo zonke zokuhlonipheka kunye nokulawula. Yena ungu-Allah, iindumiso zonke zezaKhe. Ezi khwalthi zinxulunyaniswa naYe azifanelanga mnye ngaphandle kwaKhe. Akalingani nakanye nendalo yaKhe. Uzuko malube ku-Allah, Mnye, Akukwazi ukuhlala ngaphandle kwaKhe." U'Amash ucaphule kuShaqiq, yena wathi u-Abu Wa'il wathi:

الصَّمَدُ

[As-Samad] yiNkosi Enolawulo Olugqibeleleyo. U-Allah Umsulwa ukuba Abenabantwana nokuba Azalwe, kengoko u-Allah Uthi,

لَمْ يَلِدْ وَلَمْ يُولَدْ - وَلَمْ يَكُنْ لَّهُ كُفُواً أَحَد

[Akazali kwaye Akazelwanga, kanti Akukho namnye ofana naYe] Lonto ithetha ukuthi Akanamntwana, Akanabazali. Akana nkosikazi. UMujahid uthi:

وَلَمْ يَكُنْ لَّهُ كُفُواً أَحَدٌ

[Akuko ofana naye] "Lonto ithetha ukuthi Akanaye unkosikazi." Njengokuba u-Allah Esitsho,

بَدِيعُ السَّمَـوَتِ وَالاٌّرْضِ أَنَّى يَكُونُ لَهُ وَلَدٌ وَلَمْ تَكُنْ لَّهُ صَـحِبَةٌ وَخَلَقَ كُلَّ شَىْءٍ

[Yena nguMyili wamazulu nomhlaba, Angathini na ukuba nonyana ekubeni Engenamfazi? Yena Wadala zonke izinto yaye UnguMazi wezinto zonke] 6:101 Into ethetha ukuthi Yena unguMnini wento zonke kwaye udale yonke into. Kungakwazi njani ukuba Abeneqabane kwindalo yaKhe kwaye kungenzeka njani ukuba alingane [no-Allah] okanye isizalwane esifana naYe Makazukiswe, Ophakamuleyo kwaye oko kuyinto ekude ukuba ingenzeka. U-Allah Uthi,

وَقَالُواْ اتَّخَذَ الرَّحْمَـنُ وَلَداً - لَقَدْ جِئْتُمْ شَيْئاً إِدّاً - تَكَادُ السَّمَـوَتُ يَتَفَطَّرْنَ مِنْهُ وَتَنشَقُّ الاٌّرْضُ وَتَخِرُّ الْجِبَالُ هَدّاً - أَن دَعَوْا لِلرَّحْمَـنِ وَلَداً - وَمَا يَنبَغِى لِلرَّحْمَـنِ أَن يَتَّخِذَ وَلَداً - إِن كُلُّ مَن فِى السَّمَـوَتِ وَالاٌّرْضِ إِلاَّ آتِى الرَّحْمَـنِ عَبْداً - لَّقَدْ أَحْصَـهُمْ وَعَدَّهُمْ عَدّاً - وَكُلُّهُمْ ءَاتِيهِ يَوْمَ الْقِيَـمَةِ فَرْداً

Kananjalo bathi, "USozinceba Uthabathe [Uzele] unyana." Inene, nenze eyona nto imbi. Amazulu anga angakrazuka, nomhlaba unga ungahlukana neentaba zidilike ziphasalake. Into yokuba babalele unyana kuSozinceba [u-Allah], Kodwa asinto ifanelekileyo kuSozinceba ukuba abe nonyana, Akukho namnye emazulwini nasemhlabeni ongazi kuSozinceba ukuba abe sisicaka [saKhe]. Inene u-Allah Wazi umntu ngamnye kubo, yaye Ubabalile ngabalo olupheleleyo. Yaye ngamnye kubo uya kuYe [u-Allah] eyedwa ngoMhla woVuko.] [19:88-95] Kwakhona u-Allah:

وَقَالُواْ اتَّخَذَ الرَّحْمَـنُ وَلَداً سُبْحَانَهُ بَلْ عِبَادٌ مُّكْرَمُونَ - لاَ يَسْبِقُونَهُ بِالْقَوْلِ وَهُمْ بِأَمْرِهِ يَعْمَلُونَ

Ukanti bathi, "USolubabalo Uzele unyana" Makazukiswe Yena ukusuka apho bona abo kuthiwa ngoonyana baKhe, zizicaka zaKhe ezihloniphekileyo. Bona [abo bazizicaka zaKhe] abathethi kuqala

kunaYe de kuthethe Yena yaye benza ngokomyalelo waKhe. [21:26-27] Kwakhona u-Allah Uthi,

وَجَعَلُواْ بَيْنَهُ وَبَيْنَ الْجِنَّةِ نَسَباً وَلَقَدْ عَلِمَتِ الجِنَّةُ إِنَّهُمْ لَمُحْضَرُونَ

سُبْحَـنَ اللَّهِ عَمَّا يَصِفُونَ

Kananjalo baye baqamba ukuhlobana phakathi kwaKhe neeJinn, kodwa zona iiJinn ziyazi [kakuhle] okokuba ziza kuma [phambi] kwaKhe ziphendule ngezenzo zazo. Uzuko lonke malube ku-Allah! [Okude lee] koko bakwayamanisa naYe! [37:158-159] Kwi Sahih Al-Bukhari kucatshulwe ukuba uMprofethi ka-Allah ﷺ wathi,

لَا أَحَدَ أَصْبَرُ عَلَى أَذًى سَمِعَهُ مِنَ اللهِ يَجْعَلُونَ لَهُ وَلَدًا وَهُوَ يَرْزُقُهُمْ وَيُعَافِيهِم

[Akukho namnye onomonde nenyameko kububi abuvayo ukugqitha u-Allah. Bamoyamanisa nonyana, kanti nguYe Obanika izibonelelo kwaye (inguYe) nobanyangayo] Al-Bukhari kwakhona ucaphule ku-Abu Hurayrah radhiallahu anhu ukuba uMprofethi ka-Allah ﷺ wathi:

قَالَ اللهُ عَزَّ وَجَلَّ: كَذَّبَنِي ابْنُ آدَمَ وَلَمْ يَكُنْ لَهُ ذَلِكَ وَشَتَمَنِي وَلَمْ يَكُنْ لَهُ ذَلِكَ فَأَمَّا تَكْذِيبُهُ إِيَّاىَ فَقَوْلُهُ: لَنْ يُعِيدَنِي كَمَا بَدَأَنِي وَلَيْسَ أَوَّلُ الْخَلْقِ بِأَهْوَنَ عَلَيَّ مِنْ إِعَادَتِهِ وَأَمَّا شَتْمُهُ إِيَّاىَ فَقَوْلُهُ: اتَّخَذَ اللهُ وَلَدًا وَأَنَا الْأَحَدُ الصَّمَدُ لَمْ أَلِدْ وَلَمْ أُولَدْ وَلَمْ يَكُنْ لِي كُفُوًا أَحَد

[U-Allah Uthi inzala ka-Adam iyandixoka kanti akufanelekanga ukuba yenze lonto, iyandihlukumeza kanti akufanelekanga ukuba yenze lonto. Malunga nokundiphika kwayo kukuba isithi: Yena [u-Allah Akasayi Kuphinda Andidale njengokuba Ebendidalile ekuqaleni. Kanti ukuphinda Simdale kokona kulula kunokuba Sasimdalile ekuqaleni. Ukundixoka kwayo, kukuba besithi Ndinonyana. Mna Ndimnye, iNkosi ezimeleyo, Andizali, Andizelwanga kwaye Akukho namnye ofana Nam.

﴿ سورة الفلق ﴾

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ الْفَلَقِ ﴿١﴾

مِنْ شَرِّ مَا خَلَقَ ﴿٢﴾

وَمِنْ شَرِّ غَاسِقٍ إِذَا وَقَبَ ﴿٣﴾

وَمِنْ شَرِّ النَّفَّاثَاتِ فِي الْعُقَدِ ﴿٤﴾

وَمِنْ شَرِّ حَاسِدٍ إِذَا حَسَدَ ﴿٥﴾

﴾ Surah Al Falaq 113 ﴿

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

1. Yithi: Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoms’obomvu.

2. Ekungcoleni kwezinto ezidaliweyo.

3. Ekungcoleni kobumnyama njengoko busanda;

4. Ekungcoleni kwabo benza ukuthakatha.

5. Nasekungcoleni kwalowo wenza umona njengoko esenza umona.

9. Surah Al Falaq

UMs’obomvu

Esi sahluko satyhilwa eMakkah

Imbono ka-Ibni Mas’ud radhiallahu anhu malunga ne-Al-Mu’awwidhatayn

U-Imaam Ahmad upapashe awakufumana kuZirr bin Hubaysh ukuba u-Ubayy bin Ka’ab wamxelelela ukuba u-Ibni Mas’ud radhiallahu anhu azange ayibhale iMuawwidhatayn kumqulu wakhe [weQuran]. U-Ubayy yena wathi, “Ndiyangqina ukuba uMthunywa ka-Allah wandixelelela ukuba uGabriyeli wathi kuye,

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ الْفَلَقِ

Yithi, “Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yom’sobomvu [Yena (u-Ubayy bin Ka’ab) wathi, u-Gabriyeli,

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ النَّاسِ

Yithi, “Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoluntu.”] [114:1] Yena [ngokwakhe uMprofethi] watsho. Kengoko sithetha eyathethwa nguMprofethi.”

Izinto ezintle malunga noSurah Al-Falaq kunye no-An-nas

KwiSahih, u-Imaam Muslim ubhale ngowakufumana ngegunya lika-Uqbah bin Amir ukuba uMthunywa ka-Allah ﷺ wathi,

أَلَمْ تَرَ آيَاتٍ أُنْزِلَتْ هَذِهِ اللَّيْلَةَ لَمْ يُرَ مِثْلُهُنَّ قَطُّ

[Ingaba, anibonanga na ukuba kukho iivesi ezithe zatyhilwa kum kobu busuku, ezinga zange zabonwa ngaphambili] Ezo vesi zezi

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ الْفَلَقِ

[Yithi: Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoms'obomvu] [113:1 kunye no;

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ النَّاسِ

[Yithi: Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoluntu] [114:1] Le Hadith ibhalwe ngu-Ahmad, At-Timidhi kunye no-An-Nasai. Ut-Tirmidhi uthe le Hadith "iHasan Sahih."

Enye ingxelo

U-Imaam Ahmad ubhale ukuba u-Uqbah bin Amir wathi, "Ngethuba ndandihamba phambi koMprofethi ka-Allah ﷺ kwenye yeendlela wathi,

يَا عُقْبَةُ أَلَا تَرْكَبُ

[Hini na Uqbah] Akuzokhwela kusini na Mna [kutsho u-Uqbah] ndandisoyikisela ukuba ndithatyathwe njengomntu ongathobeliyo [ongenantlonipho]. UMprofethi ka-Allah ﷺ wohlika wayekela mna ukuba ndikhwele okwethutyana. Emva koko kwakhona [uMprofethi ka-Allah ﷺ wakhwela. Emva koko wathi,

يَا عُقْبَةُ أَلَا أُعَلِّمُكَ سُورَتَيْنِ مِنْ خَيْرِ سُورَتَيْنِ قَرَأَ بِهِمَا النَّاسُ

[Hini na Uqbah! Ndingakufundisa na ezona Surah zimbini zingcono ezifundwa ngabantu.] Mna ndaphendula ndathi. Ewe kunjalo [ungandifundisa] Hini na Mprofethi ka-Allah ﷺ! [UMprofethi ka-Allah ﷺ] wandifundisa ucengceleza

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ الْفَلَقِ

[Yithi: Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoms'obomvu".] [113:1] kunye no

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ النَّاسِ

[Yithi, Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoluntu.] [114:1] Emva koko kwabizelwa abantu emthandazweni, yena uMprofethi ka-Allah ﷺ waya ngaphambili [eyokukhokela ibandla], wafunda ezi surah zimbini emthandazweni, emva komthandazo wagqitha kum wathi,

كَيْفَ رَأَيْتَ يَا عُقَيْبُ اقْرَأْ بِهِمَا كُلَّمَا نِمْتَ وَكُلَّمَا قُمْتَ

[Ubona njani, Hini na Uqayb! Funda ezi surah zimbini ngalo lonke ixesha uzakulala narhoqo xa uvuka.] [An-Nasai no-Abu Dawood baqulathe le Hadith].

Enye ingxelo

إِنَّ النَّاسَ لَمْ يَتَعَوَّذُوا بِمِثْلِ هَذَيْنِ

Inene, abantu abaceli khuseleko ngento engcono kunezi [Surah] zimbini,

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ الْفَلَقِ

["Yithi, Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoms'obomvu"] [113:1] kunye no;

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ النَّاسِ

["Yithi, Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoluntu."] [114:1]

Enye ingxelo

U-An-Nasai uqulathe ukuba u-Uqbah bin Amir wathi, “Ndandihamba noMthunywa ka-Allah ﷺ ngethuba esithi,

يَا عُقْبَةُ قُلْ

Hini na Uqbah! Yithi! Mna ndaphendula ndathi, Ndithini na? Yena [uMthunywa ka-Allah ﷺ] wathi cwaka azange aphendule kum. Emva kwethuba wathi,

قُلْ

Yithi, [Mna] Ndaphendula, Ndithini na, Hini na Mthunywa ka-Allah ﷺ “Yena wathi,

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ الْفَلَقِ

[Yithi, Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yom’sobomvu.] Ndada ndayokutsho ekugqibeleni. Yena [uMthunywa ka-Allah ﷺ] wathi yithi,

قُلْ

[Yithi], Mna ndabuza, ukuba ndithini na Mthunywa ka-Allah ﷺ?

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ النَّاسِ

[Yithi.] Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoluntu.] Ndayifunda [le surah] ndayokutsho ekugqibeleni. Emva koko uMthunywa ka-Allah ﷺ wathi,

مَا سَأَلَ سَائِلٌ بِمِثْلِهَا وَلَا اسْتَعَاذَ مُسْتَعِيذٌ بِمِثْلِهَا

Akukho namnye umntu owakhe wacela into efana nalena kwaye akukho namnye owakhe wacela ukhuseleko ngento enjena.]

Kwenye iHadith

UNasa'i uqulathe ukuba u-Ibni Aabis Al-Juhani wathi uMprofethi ka-Allah ﷺ wathi kuye,

يَا ابْنَ عَابِسٍ أَلَا أَدُلُّكَ أَوْ أَلَا أُخْبِرُكَ بِأَفْضَلِ مَا يَتَعَوَّذُ بِهِ الْمُتَعَوِّذُونَ

Hini na Ibni Aabis! Ingaba ndingakubonisa okanye ndingakwazisa kusini na ngeyona ingcono enokuthi isetyenziswe ngulowo ufuna ukhuseleko] Yena [u-Ibni Aabis] waphendula wathi, ngaphandle kwamathandabuzo, hini, Mthunywa ka-Allah ﷺ!" UMprofethi [Muhammad ﷺ] wathi,

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ الْفَلَقِ - قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ النَّاسِ - هَاتَانِ السُّورَتَانِ

Yithi, Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yom'sobomvu [Al-Falaq] kunye no, Yithi, Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoluntu.

Ezi Surah zimbini zezona zingcono xa umntu efuna ukhuseleko. U-Imaam Maalik uqulathe ukuba u-Aisha wachaza ukuba ngalo lonke ixesha uMthunywa ka-Allah ﷺ xa esiva iintlungu, wayedla ngokufunda iiMu-aw-wazhatayn akugqiba avuthele osule umzimba wakhe. [Kwakhona] u-Aisha radhiallahu anha uthi xa iintlungu zazimongamele [uMthunywa ka-Allah ﷺ] yena [buqu u-Aisha radhiallahu anha] wayefunda iMuawwidhatayn avuthele osule umzimba woMthunywa ka –Allah ﷺ ngezandla zakhe [zoMthunya ka-Allah ﷺ] kuba efuna [u-Aisha radhiallahu anha] iintsikelelo zezo Surah zimbini. [Al-Bukhari, Abu Dawood, An-Nasai kunye no –Ibni Maja]

U-Abu Sa'id uchaze ukuba uMthunywa ka-Allah ﷺ wayedla ngokucela ukhuseleko, ngakumehlo athwele ububi weeJinn kunye nabantu. Kodwa kwathi kwakutyhilwa iMuawwidhatayn, wathi wabambelela kuyo [xa ecela ukhuseleko] waziyeka ezinye izinto. [At-Tirmidhie, An-

Nasai kunye no –Ibni Majah] UTirmidhie yena wathi le Hadith i-Hasan Sahih.”

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَـنِ الرَّحِيمِ

Egameni lika-Allah uSolubabalo uSozinceba

Bonke aba balandelayo ukuba Al-Falaq kuthetha kusasa, Jabir, Ibni Abbas radhiallahu anuma, Mujahid, Said Ibni Jubayr, Abdullah bin Muhammad bin Aqil, Al-Hasan, Qatadah, Muhammad bin Ka’ab Al-Qurazi, Ibni Zayd kunye no –Ibni Jarir, Oku kufana nokuba u-Allah Uthi,

فَالِقُ الإِصْبَاحِ

[Yena] nguMahlukanisi wentsasa [nemini].” [6:96] U-Allah Uthe,

مِن شَرِّ مَا خَلَقَ

[Ekungcoleni kwezinto ezidaliweyo,] Kuthetha ukuthi ucela ukhuseleko ekungcoleni kwako konke oko kudaliweyo. UThabit Al-Bunani kunye no Al-Hasan Al-Basri bobabini bathi, Isihogo, uSathana nenzala yakhe kunye nayo yonke indalo Edalwe ngu-Allah.”

وَمِن شَرِّ غَاسِقٍ إِذَا وَقَبَ

[Ekungcoleni kweGhasiq xa iWaqab,] uMujahid wathi, “Ghasiq kuthetha ubusuku, kanti iWaqab ithetha ukutshona kwelanga.” U-Al Bukhari wakufumana oku [le nkcazelo ku-Mujahid]. U-Ibni Najih naye wafumana inkcazelo enjalo ku Mujahid.

U-Ibni Abbas radhiallahu anhuma, Muhammad bin Ka’ab Al Qurazi, Ad-Dahhak, Khusayf, Al-Hasan kunye noQatada. Bathi “Ghasiq kuthetha ubusuku xa bufika nobumnyama.” Az-Zuhri yena wathi,

وَمِن شَرِّ غَاسِقٍ إِذَا وَقَبَ

Ekungcoleni kweGhasiq xa iWaqab,] “Kuthetha ukutshona kwelanga,” Abu Al Muhazzim wasichazela ukuba u-Abu Hurairah radhiallahu anhu wathi,

وَمِن شَرِّ غَاسِقٍ إِذَا وَقَبَ

[Ekungcoleni kweGhasiq xa iWaqab]

Kuthetha inkwenkwezi. U-Ibni Zayd wathi, “Ama-Arab ayedla ngokuthi, Al-Ghasiq kukutshona kwenye yezinto zasesibhakabhakeni ebizwa ngokuba yiPleiades. Amanani abo bagulayo ayedla ngokunyuka rhoqo itshona, kanti amanani [abo bagulayo ayencipha xa nayo iphuma.” U-Ibni Jarir wathi, “Uluvo] lwabanye luthi iGhasiq ithetha inyanga.” Uxhasa uluvo lwabo koko bakutshoyo [ukuba Ghasiq kuthetha inyanga yingxelo equlathwe ngu-Imam Ahmad awayithabatha ku –Al-Harith bin Salamah, Yena wathi u-Aisha radhiallahu anha wathi, UMthunywa ka-Allah ﷺ wandibamba ngesandla wandibonisa inyanga xa iphuma, wathi,

تَعَوَّذِى بِاللهِ مِنْ شَرِّ هَذَا الْغَاسِقِ إِذَا وَقَبَ

Cela ukhuseleko ku-Allah Ghasiq xa kumnyama kwaye [At-Tirmidhi kunye ne-An-Nasai bobabini bayibhale leHadith kwiincwadi zeTafseer ze Sunan zabo. U-Allah Wathi,

وَمِن شَرِّ النَّفَّـثَـتِ فِى الْعُقَدِ

[Ekungcoleni kwabo benza ukuthakatha,] UMujahid, Ikrimah, Al-Hasan, Qatadah kunye no-Ad-Dahhak bonke bathi, kuthetha abathakathi. UMujahid, wathi, “Xa bevuthela kumaqhina aqhiniweyo bethakatha.”

Kwenye iHadith kuchazwa ukuba uGabriyeli wafika kuMprofethi ﷺ wathi, Ingaba uyagula na hini na Muhammad ﷺ? UMprofethi ﷺ waphendula wathi,

نَعَمْ

[Ewe.] UGabriyeli [yena] wathi, "Egameni lika-Allah, Ndiyakuthandazela [ukuba uphile] kuzo zonke iintlobo zezigulo ezikunika iintlungu kunye nasekungcoleni kwabo banomona. Inga u-Allah Angakuphilisa."

Ingxoxo malunga nokuthakathwa kuka Mprofethi ﷺ

Kwincwadi ye Sahih Al-Bukhari [kwisahluko esithetha ngamayeza] kuqulathwe ukuba u-Aisha radhiallahu anha wathi, uMthunywa ka-Allah ﷺ wathakathwa kangangokuba wacinga ukuba wayabelene ngesondo namakhosikazi [wakhe], kanti wayengabelananga nawo." USufyan wathi, "Olu lolona hlobo lubi lokuthakatha kweli nqanaba [lokuba ulibale izinto obuzenzile]." Yena [uMprofethi ﷺ wathi,

يَا عَائِشَةُ أَعَلِمْتِ أَنَّ اللهَ قَدْ أَفْتَانِي فِيمَا اسْتَفْتَيْتُهُ فِيهِ أَتَانِي رَجُلَانِ فَقَعَدَ أَحَدُهُمَا عِنْدَ رَأْسِي وَالْاخَرُ عِنْدَ رِجْلَيَّ فَقَالَ الَّذِي عِنْدَ رَأْسِي لِلْاخَرِ: مَا بَالُ الرَّجُلِ قَالَ: مَطْبُوبٌ قَالَ: وَمَنْ طَبَّهُ قَالَ: لَبِيدُ بْنُ أَعْصَمَ: رَجُلٌ مِنْ بَنِي زُرَيْقٍ حَلِيفٌ لِيَهُودَ كَانَ مُنَافِقًا قَالَ: وَفِيمَ قَالَ: فِي مُشْطٍ وَمُشَاطَةٍ قَالَ: وَأَيْنَ قَالَ: فِي جُفِّ طَلْعَةٍ ذَكَرٍ تَحْتَ رَاعُوفَةٍ فِي بِئْرِ ذَرْوَانَ

Hini na Aisha! Uyayazi na ukuba u-Allah Usiphendule isicelo sam Kuye.Amadoda amabini aye afika kum, enye ngasentloko yam enye yahlala ngase zinyaweni zam. Leyo ingase ntloko kum yathi kwenye [kuleyo indoda ingase zinyaweni zam], Yintoni engalunganga [ingxaki] kule ndoda [Rasoolullah ﷺ], Yona yaphendula yathi,

Uthakathiwe. Lo ndoda yokuqala [leyo ingasentloko kuye] Uthakathwe ngubani? Indoda yesibini yaphendula yathi, nguLabid ibni Assam. YIndoda engumhanahanisi yomJuda ephuma kuhlanga lwe Banu Zurayq. Londoda yokuqala yabuza ukuba umthakathe ngantoni? Yona indoda yesibini yaphendula yathi, ngekama yenwele kunye nangeenwele ebezikulo kama. Lo ndoda yokuqala yabuza, Iphi lo kama? Leyo [indoda yesibini] yaphendula yathi, Isexolweni elomileyo lo mthi we dates phantsi kwelitye kwiqula elibizwa ngokuba yi Dharwan. U-Aisha radhiallahu anha wathi, [URasoolullah ﷺ] waya kwelo qula wayikhupha lo kama [kunye nenwele ezazikuyo]. Emva koko [uRasoolullah ﷺ] wathi,

هَذِهِ الْبِئْرُ الَّتِي أُرِيتُهَا وَكَأَنَّ مَاءَهَا نُقَاعَةُ الحِنَّاءِ وَكَأَنَّ نَخْلَهَا رُؤُوسُ الشَّيَاطِينِ

Eli qula ndalibonayo inkangeleko yalo amanzi walo ayengathi bekufakwe iHenna kuwo kwaye imithi yedates eyayikulo yayingathi ziintloko zoosathana. Ekubeni uRasoolullah ﷺ ezikhuphile [ezo nwele kunye nekama [kwelo qula]. U-Aisha radhiallahu anha wathi, Akufuni na ukuyazisa kuwonke wonke lento,

Yena ﷺ waphendula wathi,

أَمَّا اللهُ فَقَدْ شَفَانِي وَأَكْرَهُ أَنْ أُثِيرَ عَلَى أَحَدٍ مِنَ النَّاسِ شَرًّا

U-Allah Undiphilisile, kengoko ndikuthiyile ukusasaza iindaba ezimbi ebantwini."

﴿ سورة الناس ﴾

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَنِ الرَّحِيمِ

قُلْ أَعُوذُ بِرَبِّ النَّاسِ ١

مَلِكِ النَّاسِ ٢

إِلَهِ النَّاسِ ٣

مِنْ شَرِّ الْوَسْوَاسِ الْخَنَّاسِ ٤

الَّذِى يُوَسْوِسُ فِى صُدُورِ النَّاسِ ٥

مِنَ الْجِنَّةِ وَالنَّاسِ ٦

﴾ Surah Al Naas 114 ﴿

Egameni lika-Allâh, uSolubabalo, uSozinceba.

1. Yithi: Ndicela ukhuseleko ngeNkosi yoluntu,

2. UKumkani woluntu

3. UThixo woluntu,

4. Ekungcoleni komsebezi wokungcola orhoxayo (emva kokusebeza) kwakhe.

5. Lowo usebeza ezintliziyweni zoluntu.

6. Phakathi kweejinni naphakathi koluntu.

10. Surah Al Naas

ULuntu

Esi sahluko sathi satyhilwa eMakkah

بِسْمِ اللَّهِ الرَّحْمَـنِ الرَّحِيمِ

Egameni lika- Allah uSolubabalo uSozinceba.

Ezi ziikhwalithi ezintathu zezinye zeekhwalithi zeNkosi yethu, uSomandla uSobungangamsha. Ezo khwalithi zintathu yikhwalithi yokuba yiNkosi, ukuba nolawulo kunye nokuba ngcwele. UyiNkosi yendalo yonke, iKumkani yento yonke uMdali wento yonke. Zonke izinto zadalwa nguYe, unguMnikazi wento zonke kwaye zonke izinto Azidalileyo ziyazithoba kuYe. Kengoko, Uyalela nawuphi na lowo ufuna ukhuselo ukuba makacele ukhuselo ngalowo Unezikhwalithi zikhankanywe ngasentla ekungcoleni kwalowo wenza ungcola orhoxayo [emva kokusebeza] kwakhe. Lona usebezayo apha ngusathana ochongelwe umntu ngamnye.Kuba ngokuyinene, akukho namnye kwinzala ka-Adam ongenalo iqabane lakhe elenza ntle izenzo zakhe ezingcolileyo. Lo sathana wenza yonke imigudu yokusenza sidideke engqondweni. Mnye umntu osindayo koko kudidekiswa ngulowo ukhuselwe ngu-Allah.

Ukuba [ingulowo uneqabane lakhe elingusathana elenza ntle izenzo zakhe ezingcolileyo] oko kungqinwe kwiHadith eSahih ukuba umProfethi ﷺ wathi,

مَا مِنْكُمْ مِنْ أَحَدٍ إِلَّا قَدْ وُكِّلَ بِهِ قَرِينُهُ

[Akukho namnye ongenalo iqabane (usathana) elimnxusileyo.] AmaSahaba abuza athi, Ingaba nawe? Hini na Mthunywa ka-Allah ﷺ "Yena waphendula wathi,

نَعَمْ إِلَّا أَنَّ اللهَ أَعَانَنِي عَلَيْهِ فَأَسْلَمَ فَلَا يَأْمُرُنِي إِلَّا بِخَيْرٍ

[Ewe [kunjalo] kodwa ke mna u-Allah Undincedisile kuye [kulo sathana] abe liMuslim. Kengoko mna undiyalela ngokulungileyo kuphela.] Obunye ubungqina buyafumaneka kwiSaheeh ezimbini esizifumana ku-Anas apho achaza ngebali malunga noSafiyyah radhiallahu anha ngethuba wayetyelele uMprofethi ﷺ ngethuba ekwi I'tikaf, [UmProfethi ﷺ wathi waphuma naye (emasjid) ebusuku ukumkhapha ukuba abuyele endlwini yakhe [Safiyyah radhiallahu anha]. Amadoda amabini wam-Ansar adibana naye [uMprofethi ﷺ endleleni]. Lo madoda athi akubona uMprofethi ﷺ ahamba ngokukhawuleza. UMprofethi ﷺ wathi wakuwabona ekhawuleza wathi kuwo,

عَلَى رِسْلِكُمَا إِنَّهَا صَفِيَّةُ بِنْتُ حُيَيَ

Musani ukhawuleza! Lo nguSafiyyah binti Huyay! Wona madoda mabini, Uzuko malube ku-Allah, Hini na Mprofethi ka-Allah ﷺ!" Yena [uMprofethi ﷺ] wathi,

اِنَّ الشَّيْطَانَ يَجْرِى مِنِ ابْنِ آدَمَ مَجْرَى الدَّم وَإِنِّي خَشِيتُ أَنْ يَقْذِفَ فِي قُلُوبِكُمَا
شَيْئًا أَوْ قَالَ: شَرًّا

Inene, usathana ubaleka egazini lo mntu njengokuba igazi libaleka emizimbeni yabantu. [Isizathu sam sokuthi musani ukhawuleza kungenxa yokuba ndisoyikisela ukuba [usathana afake into okanye iingcinga ezimbi ezintliziyweni zenu.] USa-id ibni Jubayr ubalisa ukuba u-Ibni Abbas radhiallahu anhuma wathetha oku malunga nale ngxelo ka-Allah,

الْوَسْوَاسِ الْخَنَّاسِ

[Umsebezi orhoxayo.] Lowo ngusathana ohleli entliziyweni yomntu. Kengoko xa umntu engaqwalaseli engathatheli ngqalelo kokwenzekayo, yena [lo sathana] uyamsebezela. Kanti xa umntu ethe wakhumbula u-Allah [lo sathana uyarhoxa].” UMujahid no Qatadah nabo batsho. “Al-Mu’tamir bin Sulaiman uchaza ukuba utatawakhe wathi,mna ndaxelelwa ukuba usathana nguye. u-Al waswas. Uvuthela entliziyweni yabantu xa bekhathazekile kunye naxa bevuya.Kodwa xa umntu ekhumbula u-Allah, usathana uyarhoxa.” U-Awfi uchaza ukuba oku ku-Ibni Abbas;

الْوَسْوَاسِ

[Lowo usebezayo ngusathana. Uyasebeza ukuze athi akuthotyelwa, arhoxe. Njengokuba u-Allah esitsho,

الَّذِى يُوَسْوِسُ فِى صُدُورِ النَّاسِ

[Lowo usebeza ezifubeni zabantu] Ingaba oku kwenzeka ebantwini kuphela okanye kwenzeka ebantwini nakwiiJinn. Izimvo zimbini malunga noku. Isizathu [sokuba kubekho izimvo ezimbini] kukuba iiJinn nazo ziqukiwe xa kusetyenziswa eligama An-nas [abantu] kwiinkalo ezininzi. Ibni Jarir wathi, Le ntetho rijalum minal-jinn [amadoda ejinn] lisetyenzisiwe kuzo [jinn], kengoko akothusi ukuba eligama An-nas lingasetyenziswa nakuzo. Emva koko u-Allah Uthi,

مِنَ الْجِنَّةِ وَالنَّاسِ

[Phakathi kweejinni naphakathi koluntu] Le ngxelo iyazichaza ngokunokwayo,

الَّذِى يُوَسْوِسُ فِى صُدُورِ النَّاسِ

[Lowo usebezayo ezintliziyweni zoluntu.] Emva koko u-Allah uyachaza ngokuthi Athi,

مِنَ الْجِنَّةِ وَالنَّاسِ

Phakathi kweeJinn naphakathi koluntu [Le vesi iyaluxhasa uluvo lwesibini. Kwakhona lentetho ka-Allah ithi,

مِنَ الْجِنَّةِ وَالنَّاسِ

Phakathi kweejinn naphakathi koluntu. [IIJinn [Jinn] kunye noluntu An-nas] kucacisa ukuba ngubani na lo usebeza ezintliziyweni zoluntu kosathana abangabantu kunye noosathana. Oku kuyafana ka-Allah Ethi,

وَكَذَلِكَ جَعَلْنَا لِكُلِّ نِبِيٍّ عَدُوّاً شَيَـطِينَ الإِنْسِ وَالْجِنِّ يُوحِى بَعْضُهُمْ إِلَى بَعْضٍ زُخْرُفَ الْقَوْلِ غُرُوراً

[Ke ngoko Sinyulele uMprofethi ngamnye iintshaba ooSathana phakathi koluntu neejinni, bephefumlelana ngeentetho ezihonjisiweyo eziluwexulo [oliyinkohliso.] [6:112] U-Imaam Ahmad uchaza ukuba u-Ibni Abbas wathi, “Indoda ethile yeza kuMprofethi ka-Allah yathi, Hini na Mthunywa ka-Allah ﷺ! Ngamanye amaxesha ndithetha izinto ngaphakathi kum [endithi ndakuzicingisisa] ndinqwenele ukuba ndingawa esibhakabhakeni endaweni yokuba ndingazithetha ziviwe luluntu. UMprofethi ﷺ wathi,

اللهُ أَكْبَرُ اللهُ أَكْبَرُ الْحَمْدُ للهِ الَّذِى رَدَّ كَيْدَهُ إِلَى الْوَسْوَسَةِ

[U-Allah nguNKulunkulu, u-Allah nguNkulunkulu Udumo lonke malube ku-Allah, Yena Ubuyisele emva amaqhinga wakhe (kaSathana) ngokuthi ibe kukusebeza nje (angazi naziqhamo azilindeleyo)] [Abu Dawood noNasai]

Tafseer

IBN KATHEER

Lo msebenzi zinzame zokuzisa ulwazi olunzulu ngeIslam, ingakumbi kwabo bathetha ulwimi lwesiXhosa. Inokuba yiproject yokuqala ukuba kwenziwe inguqulelo efinyeziweyo yeTafseer Ibn Katheer esiXhoseni.

Khupela kwi ebook:
https://alhidayah.co.za/tafseer-xhosa/

Ipapashwe yi
AL HIDAYAH CENTRE
Eastern Cape

ISBN 978-1-0492-9092-8

DOWNLOAD EBOOK 9 781049 290928